

IMFUNDISO NGO MOSES



Konke kulungile. UThixo akusikelele, Mzalwana uNeville. Molweni kusasa nje zihlobo. Kuye kufuneke ndijonge kube kanye ngethuba ukuze ndifumanise ukuba kuyasa okanye kuyahlwa. Ke, ndiyavuya ukuba lapha ngale ntsasa. Kushushu, kwaye ngokuqinisekileyo nino lwamkelo olufudumeleyo. Asisenaxesha lasentlakohlaza; sinehlobo nobusika apha, andithi? Yonke into ibonakala iphumile endaweni yayo, ngandlela ithile.

² Ke, into endenze ukuba ndibe semva kwexesha, ndi—ndidicoca indlu. Kwaye bendiqinile kwaye ndibuhlungu ngale ntsasa. Kwaye ndavuka ngexesha elininzi, kodwa andizange ndiqonde ukuba umfazi unomsebenzi omninzi kangako ekufuneka awenze, kufuneka balungiselele abantwana abathathu baze ke baye esikolweni seCawe. Owu, bethu! Into eninzi ekufuneka yenziwe, ngaphezu kokuba bendicinga ukuba kufuneka kwenziwe. Kwaye ndacinga, “Ke, ngoku...” Phezolo bendisebenza, ndaza—ndaze nda—ndangena ndiphuma kwintsimi yokuvangela ukuza kunceda ukucoca indlu, ndiyaqikelela. Bethu, akukho nzima ukufumana umsebenzi? Hum! Ndandinika amashumi amathathu anesihlanu eedola ngeveki kumntu ukwenzela ukujonga usana, kwaye akukho mntu uya kuyenza loo nto.

³ Omnye umfo ubhale isiqwenga ephapheni kungekudala apha. Kakade, oku akuyi kule nto. Wathi wayelapha phezulu, uhlobo oluthile lompolitiki apha eKentucky, wathi wayesemkhosini kabini, wayengxwelerhekile amatyeli amathathu, njengegorha, uye wahlala engummi ekuhlaleni, wayenze izinto ezininzi, wahlangula ubomi babantwana ababini, kwaye omnye ephuma emlanjeni omnye ephuma kwenye into, ndilibele konke ekufuneka ekwenzile. Kwaye ekugqibeleni wacinga, ke, kufuneka bagcine indawo yabahlali ilungile, uyakuziqgatsela ukuba ligosa. Wathi akwenza njalo, kwikhulu lamawaka abantu, wafumana iivoti ezintlanu. Wabuza isherifu ukuba angawufumana na umbhaxa omfutshane ukuze imncede aphume ekuhlaleni, wathi, “Kwakuyingozu nokuhlala edolophini.” Wayengenabahlobo baneleyo bokumnceda ukuba aphume edolophini. Lowo ngumbulelo waseMelika, nangona kunjalo, akunjalo? Injalo lo nto. EMelika, kokukhona usenza ngakumbi, kokukhona kulindeleke ukuba wenze. Injalo lo nto, kulindeleke ngakumbi kuwe.

⁴ Ke, ndifuna ukudlulisa izincomo zam ngale ntsasa ngendlela ecocekileyo nentle ngayo ukukhangeleka icawe. Kwaye njengoko ndenyukayo, babenomnyango phaya wokuhambisa ukusasazwa ngcono. Ke kuhle ngenene oko, nabani na

okwibhodi yamathenjwa apha kwaye uncedise ukuyiqala le nto. Ngokuqinisekileyo ibintle kakhulu, kwaye ngumsebenzi omhle ococekileyo. Ndinga ukuba uMzalwana uHall, ukuba andiphazami, uyenzile. Ngumsebenzi omhle kakhulu lowo.

⁵ Ngoku, kusemva kwexesha kancinane, kodwa uyazi ukuba banjani abantu bobungwele. Yabona, ayinaxesha lithile, akunjalo, Mzalwana uSlaughter, Mzalwana uDeitsman? [Abazalwana nabanye bathi, “Hayi.”—Mhl.] Yonke nje into kanye njengoko siyithatha.

⁶ Ndibe nemihlangano emnandi ezantsi eMzantsi! Kodwa bendikwazi ukuthetha kwiintsuku nje ezimbalwa ezidlulileyo. Ndashumayela kangangeenyanga ezine, ngokuthe ngqo, yaye ndandingenalizwi laneleyo—nokusebeza. Kwafuneka ndenze intshukumo ezibonakalisa intetho kumfazi wam, uyazi, into endiyifunayo, kwaye luhlobo lwe... Kwaye emva koko, kwaye ndibuyela apha phezulu apho kukho uhlobo oluthile lwemozulu yohanahaniso ebesinayo, (ngoba, ngenye imini kuyabanda kuze kutshise ngolulandelayo), ndaye ndaba nowenene, nowenene wohlobo lwakudala umkhuhlane. Ndaze ndavuka, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, ndaze ndaqalisa kwakhona. Ke ngoko sinombulelo kwiNkosi elungileyo, nangona kunjalo, ngako konke ukulunga kwaYo nenceba kuthi, kwaye—kwaye Ibe ilunge kangakanani. Sibenemihlangano emangalisayo ezantsi phaya, yaze iNkosi yasisikelela ngokungaphezulu, ngokugqithisileyo.

⁷ Kwaye phezolo, malunga ezinzulwini zobusuku, uMzalwana Wood wandibizela ezantsi endlwini yakhe, kunye noMzalwana u-Arganbright emnxebeni, efuna ndiqale eSwitzerland. Ngoko, kungaphezulu kokunokwenziwa yindoda endala.

⁸ Ke, ngoku, umhlangano wethu olandelayo uqala ngomhla weshumi elinanye kule nyanga izayo, eCadle Tabernacle e-Indianapolis. E—eCadle Tabernacle e-Indianapolis, ukusukela ngeyeshumi elinanye ukuya kweyeshumi elinesihlanu. Kwaye ke, ukusuka apho, ukuya—ukuya eMinnea-...eMinneapolis; ukusuka e-Indianapolis ukuya eMinneapolis, amadoda angooSomashishini abangamaKristu.

⁹ Ngoku ndiyacinga ukuba uMzalwana uNeville unditsalele umnxeba, kwaye bendifuna ukubonisa okwam...ndivakalise umbulelo wam kuye nakwisithathu sikaNeville abehla baza bacula ukwenzela lamngcwabo ukwenzel mna, Bendinosuku olungaphambi kwayizolo. Ndaze ndabuza uMzalwana Neville; wayengenazo naziphi na iimvumi, usapho lakwaLiddick; xa uMnu. Liddick wayeye eKhaya eBuqaqawulini. Kwaye ngokuqinisekileyo...ukuba unyana wakhe, andimboni apha; kwaye ndafumanisa kamva ukuba ngunyana amgcinileyo. Esazi ukuba utata wakhe wayesifa, engasindiswanga, wabaleka wanyukela ekhaya ukuya kundilanda, ngaphambi kokuba yena...kwaye utata wakhe wasindiswa ngaphambi kokuba

asweleke. Ke eyona nto inkulu la nkwenkwe eyakha yayenza, yayikukuza kufuna umntu oza kuthandazela utata wayo phambi kokuba anduluke. Kwaye isithathu sakwaNeville behla beza babaculela kamnandi.

¹⁰ Ke ngoko uMzalwana uNeville wandibuza ukuba ndingathetha na ngale ntsasa nangoku kuhlwa, kananjalo. Ke uyaqaphela, iSibhalo sithi, “Cela ngokukhulu ukuze u. . .” Ngoko uMzalwana uNeville ngokuqinisekileyo ungowkeSibhalo kwezo zinto, kakhulu! Kwaye ke ndiya kwenza konke okusemandleni am.

¹¹ Ngoku, ndithe ngale ntsasa, kuba luSuku looMama, kwaye sifuna ukuthetha ku—kubantwana abancinci. Bendinga ngale ntsasa iyakuba lixesha elifanelekileyo la—labantwana abancinci. Ngoku ndicinga ukuba imini kamama. . .

¹² Ngoku, akukho nto imnandi kakhulu emhlabeni, esiyaziyo, kunowenene, umama woqobo. UThixo awusikelele umphefumlo wakhe okhaliphileyo, owenene, umama wenene. Kodwa sinezinto ezininzi ezibambeleyo namhlanje—oko kubizwa “umama,” ekungenguye mama; bangabafazi nje abanabantwana, kodwa abangomama. Umama wodidi lwakudala ngulowo ukhathalele usapho lwakhe, kwaye engalali kwezi ndawo zokuphumla kunye nemidaniso, kwaye ubusuku bonke, etshaya, esela, angene. Akalifanelanga elo gama lindilisekileyo likamama. Ungumfazi nje, kuphelele apho, okhulisa umntwana; kodwa hayi umama, kuba *umama* unentsingiselo eyahlukileyo kuyo. Ngoku ndi—ndicinga ukuba wena. . .

¹³ Ngoku, kuSuku looMama, ndifuna ukuzivakalisa kakuhle ngenene. Ndinomdala ontloko ingwevu umama ohleli phaya, ngokwam. Kwaye ndicinga, usuku, kulungile; kodwa yonke imihla kufanele ibe lusuku loomama, hayi nje kanye ngonyaka. Kwaye isizathu sokuba ezi zinto zoSuku looMama ziqhubeke ngoku. . .

¹⁴ Kwaye ndiyabona ukuba sineqaqobana nje, kwaye siyazana sonke. Singabantu basekhaya, kwaye naso isizathu sokuba sizakuthetha ngolu hlobo.

¹⁵ Ndinga ukuba umama kufuneka ahlonitshwe yonke imihla ngokufanayo, kunjalo, umama wenene. Kwaye, kodwa olu suku lubizwa uSuku looMama, asiyonto ehlabathini kodwa bubuvuvu obukhulu bezorhwebo, nje ukukhupha imali ebantwini. Kwaye lihlozo kumama, uSuku looMama, kube kanye ngonyaka, “Ke, asiyi kumbona, kodwa siya kumthumelela imvumba encinci yeentyatyambo kwaye oko kuya kuyilungisa.” Ayingomama lowo! Bethu, yinina! Umama wokwenyani ngumfazi wena onoku. . .lowo ukukhulisileyo, kwaye uyamthanda, kwaye uyabona kwaye uthetha naye ngalo lonke ixesha. Ubonisa

uthando lwakho kuye ngalo lonke ixesha, hayi nje usuku olunye enyakeni.

¹⁶ Kodwa kanye phambi kokuba ndiqalise idrama yam encinci, ndingathanda nje ukuvakalisa oku, kwaye ndihlaziye . . . Abanye benu, abaninzi benu bafile, abaninzi babo bamkile kusukela oku kwakusenziwa. Kwakungowe-1933.

¹⁷ Ukhe wabona ephepheni kubusuku obumbalwa obudlulileyo apho laa mfazi wabulala khona laa ndoda? wayiphosa ngaphandle kwindlela yokungena imoto yakhe kwaye wabuya umva naphambili ukumnqula yona ngemoto yakhe wade wayityumza yonke phezulu endleleni. Kwaye bathi, a—amagqwetha, nanjalo njalo, bathi, “Ingaba oko akusigwebi isazela sakho?”

Uthe, “UThixo kunye nam siyadinwa indlela abaphathwa ngayo abafazi.” Huh! Ehe, usisithixo. Injalo lo nto. “Ukudinwa.” Sinokwehla kangakanani esi sizwe? Singahamba kude kangakanani ngaphandle komgwebo kaThixo, ndiyazibuza? “UThixo kunye nam”? Ukuba uThixo wayenetyala kubo bonke ubuvuvu obubekwe kuYe, Ubengayi kuba nguThixo, kuphelele apho. “UThixo kunye nam”? Bethu! UThixo akananto yakwenza nento enjalo. Ndiyamangala xa ekwintlungu ngaphaya, uyakucinga njani ngaloo nto ngoko? Owu!

¹⁸ IMelika! Ngoku uzukhumbule, ukuba awukayibhali le nto, yibhale phantsi. Olu luqikelelo lwam. Yabona? Ngo-1933, xa sasinenkonzo apha ezantsi apho endala, ndiyakholwa ukuba iBandla likaKristu liphaya ngoku, lalifudula lilelidala . . . Kulapha kanye, Mzalwana Neville, kanye ezantsi kanye. UCharlie Kern wayehlala apho. Yintoni na . . . Ikhaya leenkedama ngapha eMeigs Avenue. Ngo-1933, ndafumana iFord yowe-1933, ndaze ndayinikezela ngaloo ntsasa eNkosini. Kwaye, ngaphambi kokuba ndimke ekhaya, ndabona umbono. Ndaye ndayibhala, iphepha elidala elityheli lisalindile eBhayibhileni. Ndabona ixesha lesiphelo lisiza.

¹⁹ Kwaye, nina, bangaphi abakhumbulayo ukuba imoto ye-'33 yayikhangeleka njani phaya emva? Owu, yayiluhlobo olubaleka *ngolu* hlobo, yaza yaya phezulu ngasemva, yaza yanqunyulwa ukuze ivili elisecaleni lijinge. Ndabona umbono, wokuba, “Phambi koKuza kweNkosi, ezo moto ziyakukhangeleka njengeqanda.” Bangaphi abasalukhumbulayo olo qikelelo? Ngaba kukho umntu oseleyo apha? UMzalwana uSeward akakho. Kwaye ndiyaqikelela . . . Kwakungowe-1933 xa sasineenkonzo ngapha. Ndiyaqikelela nje ukuba bonke bemkile ngoku, ukusukela ngoko.

²⁰ Kwaye ndaqikelela ukuba, “IMelika, uthixo wabo ophambili iyakuba ngabafazi.” Oko koko ikuko. Yonke into ilinganisa iHollywood. Ndinezinto ezibhaliweyo ezivela kwifayile ye-FBI ezinokukothusa ube ziziqwenga nje—nje ukukuxelela,

kanye apho...Kwaye ihlazo kwaba badlali bhanyabhanya babalandelayo, akukho namnye kubo, kunzima, kuphela ngamahenyukazi. Kwaye i-FBI yayibhengeza nje kungekudala. Ndinayo kweyabo ifayile. Kwaye ke bonke bebehlela phandle, naba babalaseleyo kwimiboniso bhanyabhanya, apho wangqina khona, bangena babachola, bahlale namadoda, amashumi amabini anesihlanu namashumi amahlanu eedola ngobusuku, indoda, phezulu naphantsi, eHollywood nakuyo yonke indawo, babenemizi ebucala kwaye amadoda emva phaya babebathumela khona kwaba bantu. Kwaye yile nto sijonge kuyo, umabonwakude, kwaye—kwaye apha kwezi zibuko zokubukela kunye nezinto, size sivumele abantwana bethu babize okuya umntu abamlandelayo. Uze ubize oko *umama*? Oko kukude ekubeni ngumama. Okuya kukungcola. Yiloo nto ngqo. Ukanti babeka isantya sosuku. Sibavumela... uhlobo lweempahla abazinxibayo, khangela abafazi baseMelika benziba kanye njengabo, nayo yonke into. Ngokuqinisekileyo. Kwaye uthixo waseMelika ngumfazi. Hayi uYehova; bajikile kuloo Nto. Hayi *kumama* ngoku, ngoku yibeke ecaleni loo nto, yinto endilisekileyo esiza kuthetha ngayo; kodwa ndithetha *umfazi*.

²¹ Kwaye, khumbula, ndiyaqikelela ukuba phambi kwembubhiso enkulu iyonke, ntoleyo endingatshoyo ukuba iNkosi indixelele oku, kodwa ndiyakholelwa ukuba kuya kwenzeka into phakathi kwangoku okanye ngelo xesha ngo-'77. Isenokufika ngale yure. Kodwa phakathi kwangoku kunye no-77, Ndiqikelela ukuba intshabalalo enkulu okanye imbubhiso epheleleyo yomhlaba uphela, phakathi kwangoku kunye no-'77.

²² Ndayiqikelela, ngo-1933, ndaqikelela ukuba abafazi baya kuhlala besihla kwindlela yokuziphatha kwaye isizwe siya kuhlala sisiwa, kwaye bayakuhlala bejinga kumama, okanye njengomama onjalo, bade babe, umfazi abe sisithixo. Kwaye emva kwexesha elithile, "IMelika iya kulawulwa ngumfazi." Yiphawule kwaye ubone ukuba ayilunganga. Umfazi uyakuthatha indawo kaMongameli okanye into ethile, yenkulu, amandla athile aphezulu eMelika.

²³ Xa, nditsho ngembeko, manenekazi, xana umfazi ephuma ekhithshini, uphumile endaweni yakhe. Injalo lo nto. Kulapho angowakhona. Ngaphandle koko, akanandawo. Kwaye ngoku, andikho lukhuni kubo, kodwa ndixela nje oko kuyiNyaniso kunye nokuba yintoni na iBhayibhile...Kwakufudula kuyindoda eyintloko yekhaya, kodwa oko kwakunjalo ngemihla yeBhayibhile. Akasekho. Ungunopopi, okanye ungu...okanye umgcini weentsana okanye enye into. Kwaye ngoku, hayi, bafuna ukunakekela izinja, baziqhelanise nolawulo lokuzalwa, kwaye bafunquleinja endala encinci ezingalweni zabo ngalo lonke ixesha, ukuze ube nokubaleka ubusuku bonke.

²⁴ Kwaye—kwaye andithethi ngomama. UThixo abasikelele.

Nantso into ebambe isizwe sindawonye ngoku, phakathi, ngumama wenene, olungileyo, ondilisekileyo, osindisiweyo nguThixo. Injalo lo nto.

²⁵ Kodwa ihlazo lendlela abathotywe ngayo abafazi bethu! Ndifumene isiqwenga ephepheni, ndasika emva kwale Mfazwe yeHlabathi yokugqibela, inombolo yesibini, eyathi, “Ziphi izimilo zokuziphatha kubafazi baseMelika, ukuba, emva kweenyanga ezintandathu phesheya kolwandle, amajoni amane kwamahlanu ayeqhawulwe umtshato ngabafazi bawo, yaye babetshate enye indoda?” Kwaye abazange bakwazi nokubalinda ukuba babuye phesheya kolwandle, amajoni ngaphaya ayesifa ethafeni ledabi! Loo mntu wenza oko akafanele kubizwa ngokuba ngumama, elo gama lindilisekileyo. Hayi akunjalo. Ndiye ndahlala ndibizwa “umthiyi-bafazi,” kodwa andinguye. Ndicinga ukuba umfazi uyinto emangalisayo, kunye nomama, ngakumbi. Kodwa bafanele ukuba ziindawo zabo kwaye bangathathi indawo yendoda, kwaye bangathathi indawo kaThixo.

²⁶ Kwaye ngale ntsasa ndive ibandla lobungcwele lisithi, ukuba, “Umama ulawula iinkwenkwezi zeZulu,” kwaye konke oku. Ndingafane ndicinge amaKhatolika ayenza loo nto kwintombi enyulu uMariya, njalo njalo ngokufana nokuya, ntoleyo, yokunqula abo bafazi bafileyo, uCecilia oNgcwele nabo bonke abanjalo, olona hlobo luphezulu lwemimoya. Yiyo yonke into eyiyo. Nantoni na elamlela kwabafileyo yinto yemimoya. Ke, mnye kuphela uMthetheleli phakathi koThixo nomntu, kwaye lowo nguKristu Yesu. Injalo lo nto. Akukho ngcwele wumbi, akukho nanye into engaphandle kweNkosi uYesu Kristu kuphela Lowo onguMthetheleli phakathi koThixo nomntu. Kodwa xa ndibona amabandla, kwa nokungena emva kwepulpiti, konke ukundiliseka okuthatyathwe kuKristu bunikwe unina, konke ukundiliseka okuthatyathiweyo, ngoko—ngoko bayaqalisa kwaye nantso ke.

²⁷ Ke, kodwa kukho umama wokwenene oseleyo. Makabongwe uThixo! Kanye njengokuba ubona umhanahanisi; kukho umKristu wenene obuphila ngokwenene ubomi. Apho unokuhle, unako nokubi. Injalo kanye loo nto. Ke ngoku, olwa hlobo lukamama nolwa hlobo lomntwana, sinqwenela ukuthetha ngayo ngoku eBhayibhileni.

²⁸ Ngoku andazi, mangaphi amakhwenkwe namantombazana amancinci esinawo apha kusanje? Ukuba benimvile uMzalwana uNeville kusasazo izolo... Mangaphi amakhwenkwe namantombazana amancinane angathanda ukuza apha aze ahlale kwisihlalo ezingaphambili ngelixa ndithetha nani? Ningathanda ukunyukela apha? Kukho esinye, ezimbini, ezintathu, ezine, ezintlanu izihlalo apha; esinye apha, isithandathu, kunye nezihlalo ezincinci apha. Ningathanda ukunyukela ngaphambili, abanye benu bafo abancinane

ningahamba ngaphandle kukamama wenu, kwaye ningathanda ukwenyukela apha? Namkelekile ngakumbi! Bomama yizani . . . [UMzalwana uNeville uthi, “Kukho ngaphezulu; uninzi lwabo kwigumbi lesikolo seCawe.”—Mhl.] Owu, bakwigumbi lesikolo seCawe. Ke, kulungile oko. Sizakulinda imizuzu embalwa, kwaye sithethe, kwaye baya kuphuma kwimizuzu embalwa. Kwaye siyakuhlanganisa nje, amadala amancinane amnyama, namdaka, namehlo aluhlaza, apha phezulu, size—size sithethe nomntu ngamnye kubo. Ngoku, bangaphi abayithandayo iNkosi? Yithini, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen!”] Konke kulungile.

²⁹ Ngoku ndifuna ukuthetha noomama nabantwana, kwaye ibhekiswe kubo.

³⁰ Ngokuhlwanje, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuthetha ngommangaliso wokuqala awawenzayo uYesu, nendlela owenziwa ngayo, nangawaphi na amandla, kwaye yintoni Awayenzayo na xa Wenza eYakhe. . . Bangaphi abawaziyo ngowuphi ummangaliso wokuqala Awawenzayo? Wuxeleni, nonke kunye: “Wajika amanzi aba yiwayini.” Injalo loo nto, ummangaliso wokuqala Awawenza. Ngoku, ukuba iNkosi ithandile. Ngelixa bendifunda, ngale ntsasa, kuvele kwathi qatha engqondweni yam.

³¹ Ndiyabona ukuba sinomhlobo wethu olungileyo, uMnu. noNksk. Yeker emva phaya, ndiyakholwa, ngale ntsasa. Ndivel ndabaqaphela nje xana ndijikela epalini ngalendlela. Ngenye imini ndiye ndaba novavanyo; Kufuneka ndizigcinele uvavanyo malunga nomsebenzi waphesheya kweelwandle. Kwaye, ekuphumeni kwam, ngubani endadibana naye ngaphandle kukaMnu. noNksk. Yeker, ehleli phaya phandle e-ofisini—ofisi.

³² UGqr. Schoen, eLouisville, umzalwana olungileyo kakhulu ongumKristu. Ndiyanixelela, ngokwenene ndadibana nendoda yokwenene phaya, indoda yokwenene ekholelwa kuThixo nekhohlose ngayo apha. Uyayazi intoni? Ndiza kunixelela. Ndifumana oogqirha abaninzi bekholelwa kwimpiliso eNgcwele kunabashumayeli. Injalo lo nto. Uthetha nabo. Wathi, “Ngokuqinisekileyo.” Kwaye xa yena. . . Xana ndandisimka, wathabatha isandla sam, wathi, “Mzalwana uBranham, wenzela uluntu lukhulu kunokuba bendinokwenza.” Wathi, “Injalo lo nto.” Wathi, “Unganceda abantu endingenakho nokubachukumisa.” Wathi, “Injalo lo nto.”

³³ Ndathi, “Ke, kakade, ungathunga, okanye ulungise ithambo, okanye into enjalo. Kodwa uThixo uyaphilisa.”

³⁴ Wathi, “Injalo loo nto.” Amen. Owu, ndiyathanda ukubona abantu abanengqondo ephangaleleyo, abantu abacinga bhadlileyo. Ndinga ngoqhaqho, kunye nogqirha wamayeza, kunye nengcali yomqolo namathambo, ingcali yezihlunu namathambo, impiliso eNgcwele, kwaye konke kuhlangene, ukuba nayiphi na kokuya inokunceda nabani na, ndiyimele.

Kwaye xana uthabatha ugqirha agwebe umshumayeli; umshumayeli agwebe ugqirha; kunye nengcali yezihlunu namathambo igweba—igweba ugqirha wotyando; ugqirha wotyando egweba ugqirha wamayeza; unokuyithelekelela le nto, kukho iintshukumisa zokuzingca kwindawo ethile. Injalo loo nto, kuba ngamnye kubo ubonakalisile ukuba banceda umntu othile. Injalo kanye ngqo.

³⁵ Ngoku eyona nto yile, ndiyacinga, ukuba iinjongo zethu zilungile, kwaye iintliziyo zethu zilungele abantu, sifanele sisebenzisane sonke ukunceda abantu bakuthi, ukwenza ubomi obulula. Kwaye ke iinjongo zakho azinakuzingca, sinika indumiso kuThixo Onikeza zonke izinto ngesisa. Amen. Ewe, mhlekazi. Owu, asifanele sibe nako nakuphi na ukuzingca; ifanele igqibelele.

³⁶ Ukuba ingcali yamqolo namathambo inokunceda *oku*, kwaye ingcali yezihlunu namathambo inceda *oku*, utyando lunceda *lona*, kwaye into ethile engenye enceda *lowa*, masiyithandazele yonke loo nto, amen, ukuba uThixo uya kunceda nje abantu Bakhe abathandekayo ukuba baphile kwaye bonwabe. Kuba, asinaxesha lide kakhulu lokuhlala apha, iintsuku nje ezimbalwa kwaye sisendleleni, siye kwenye indawo. Ke into esizama ukuyenza kukwenza ubomi bube lula ukuze ube nexesha elingcono ngelixa ulapha. Amen.

³⁷ Ngoku phezu kwale ngcinga, masithobe iintloko zethu phambi kokuba sivule iBhayibhile, sithethe noMsindisi wethu othandekayo.

³⁸ Bawo wethu waseZulwini, siza ngokuthobekileyo ngale ntsasa kuBukho Bakho, kwaye siyaKubulela ngaphezu kwayo yonke into eyakha yakho phezu komhlaba, okanye eyakubakho, ngenxa yeNkosi uYesu Kristu. Kuba, nguYe Lowo Owahlanganisayo umntu noThixo, wasixolelanisa nathi singamahlwempu angafanekelekanga, abasemzini abangahlonelithixo, kude noThixo, ngo—ngokuzikhethela, ngokwethu, sathabatha ukhetho lwethu saza semke kuYe. Kwaye Wayelunge kakhulu ukuza, kwaye ngeli thuba sasingamkholisiyo uThixo, ngeli thuba sasingaboni, sikude kuThixo, Wasixolelanisa kwakhona noBawo, ngokuphalazwa kweGazi elileLakhe.

³⁹ Hayi indlela esiKubulela ngayo ngaYe! Kwaye namhlanje umi njengoMxolelanisi, okuphela Kwakhe phakathi koThixo nomntu, Onokwenza umthandazo ungene eBusweni bukaThixo, ngeqonga leGazi elileLakhe Yena Awaliphalazayo ukusuka emhlabeni ukuya eBuqaqawulini. Wangena kulo mhlaba ngendlela yaseshedini, wazalelwa emkhumbini wesitali. Waphuma emhlabeni, ngesohlwayo esikhulu. Umhlaba wawungaMfuni. IZulu lalingenakuMamkela, ngokuba Wayengumoni, Wayenezono zethu kuYe. Umhlaba

wawungaMfuni. Bamala, “Hlalela kude kuMntu onjalo!” Wayenako kwa...hayi kwa nendawo yokuzalelwa, okanye indawo yokufela. Kwaye Wajinga phakathi kweZulu nomhlaba; IZulu lalingenakuMamkela, nomhlaba awunakuba naYe. Kwaye Wafa, nakanjani na, ukusisindisa esonweni, ukuphilisa izifo zethu, ukusinika uvuyo kunye nokuhlala okuthandekayo ngelixa sasilapha emhlabeni. Onjani uMsindisi! Owu, indlela esiKubulela ngayo ngaYe!

⁴⁰ Owu Thixo, maluthululelwe kuye lonke uthando lwentliziyo yethu, kwaye Yena yedwa. Ngamana zonke iintlonipho nalo lonke unqulo, yonke into ephuma emilebeni okanye ezintliziweni zethu, yanga ingabekwa phezu kwaLowo Ufanelwe kuko konke, Lowo Uhleli eTroneni ngenye imini, eneNcwadi esandleni Sakhe. Kungekho mntu eZulwini okanye emhlabeni wayefanele okanye abe nako nokukhangela eNcwadini, okanye akhulule aMatywina awayeyitywinile. Kwaye le Mvana eyayixheliwe, isiseko somhlaba, yeza, yaYithabatha esandleni Sakhe, yavula aMatywina yawakhulula a—aMazwi, ebantwini.

⁴¹ Kwaye, Bawo, siyathandaza namhlanje ukuba uMoya Wakhe oyiNgcwele uzikhulule iintliziyo zethu kubo bonke ubumnyama bawo, khulula ulwimi lwethu kuko konke oko kubi, xolela zonke izono zethu, kwaye ususe bonke ubumnyama, kwaye ungene ezintliziweni zethu ngale ntsasa.

⁴² Kwaye ngakumbi aba bantwana bancinane, Thixo, basikelele njengoko behleli apha kusanje nomama wabo othandekayo. Thixo, siKubulela kangakanani ngobunina, ngabafazi benene! Esazulwini sabo bonke obu bumnyama nokunqula izithixo, nobunyhukunyhuku nokonakala kwehlabathi, ukanti sinabo abokwenene, oomama benene. Indlela esiKubulela ngayo ngabo! Abancinane nabadala, ngokufanayo, siyaKubulela, Bawo, ngobunina benene. Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba Ubasikelele.

⁴³ Ekubeni, behleli apha kusanje, abazalwana noodade bethu abaninzi abanxibe imifiyo emhlophe okanye ubulawu obumhlophe neentyatyambo, okuthetha ukuba umama wabo othandekayo ongcwele uye wawelela ngaphaya komkhusane, kwelinye icala; akafile, kodwa udla ubomi ngonaphakade. Ngenye imini bayakuza, nabo, ezantsi emlanjeni, kwaye phaya baya kuphinda bambone, kwelinye icala. Abaninzi banxibe imifiyo ebomvu, umama uselapha. SiyaKubulela ngaloo nto.

⁴⁴ Thandaza ukuba Usisikelele sisonke njengokuba sifunda iLizwi Lakho, kuba sikucela eGameni likaKristu. Amen.

⁴⁵ Ngoku iNkosi inisikelele. Kwaye siqala kanye eLizwini ngale ntsasa. Ngoku, kuqala, phambi kwalomdlalo weqonga omncinci, ndacinga ngoomama nabantwana abancinci... Kwaye mhlawumbi baya kundiva, kuba le nto inelizwi elikhulu.

Kwaye ndiza kwenza idrama encinci, kuba bendiqaphela ngoku iinkonzo zam, ngamanye amaxesha imidlalo yeqonga inceda kakhulu. Ngaba awucingi njalo? Abafo abancinci bayiqonda ngecono. Ndijonge iqela labancinci, abanamehlo aqaqambileyo amakhwenkwe ahleli, ejonge kum ngoku, aya kuba ngamadoda angomso ukuba kukho ingomso.

⁴⁶ Kwaye ngoku phambi kokuba sibe nawuphi umdlalo weqonga, okanye nantoni na eyenye eqhubekayo enkonzweni, imelwe kukuba ibe nemvelaphi yeBhayibhile. Amen. Imele ibe yimvelaphi yeBhayibhile. Kuqala, sonke masityhile kuMateyu, isahluko se-16 kunye nomqolo wama-25, kwaye siyakufunda le miqolo. Kuqala, ngelithuba sifunda, silungiselela, mhlawumbi ngelo xesha aba bafana abancinci baya kube bephumile. Ngoku kuMateyu 16:25, sifunda oku:

Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe wolahlekelwa nguwo: nalowo othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam wowufumana.

⁴⁷ Ngoku, esi siSibhalo esibaluleke kakhulu. Masiyifunde sonke kunye. Ingaba uthini? Wonke umntu, abantwana abancinci nabo bonke, kunye ngoku. [UMzalwana uBranham kunye nebandla bafunda iSibhalo esilandelayo kunye—Mhl.]

Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe wolahlekelwa nguwo: nalowo othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam wowufumana.

⁴⁸ Niyazi, makhwenkwe namantombazana, kwaye ndiyazi ukuba abadala baya kukonwabela oku kanye njengokuba abantwana beya kukonwabela. Kodwa, eso Sibhalo sibaluleke kakhulu! Yaye ezinye iZibhalo zibaluleke kangangokuba uThixo uzibeke kuzo zone iincwadi zeVangeli: uMateyu, uMarko, uLuka noYohane. Kodwa, esi sasibaluleke kangangokuba Wasibeka izihlandlo ezithandathu kwiVangeli! Izihlandlo ezithandathu oku kuphuma emilebeni Eyeyakhe, uYesu.

⁴⁹ Ngoku ngaphaya kuMarko, siyakutyhila ngaphaya, kwisahluko se-8 sikaMarko, siqale ngomqolo wama-34, kwaye ndiza kufunda ezinye phaya. Kwaye ndifuna ukuba uqaphele apha kwakhona, ngokuqhubeka nje okuncinane koku apho uYesu wayithethayo khona. Kwaye khumbula, Wasibeka izihlandlo ezintandathu kwiVangeli, ukuze iqiniseke! Isibini lingqina, kodwa Usibeke wakuphinda kathathu oko, yabona, ukuze liqiniseke ukuba uyalikhumbula.

Kwaye xana waye—kwaye xana ke wayebabizele kuye abantu nabafundi bakhe ngokunjalo, wathi kubo, Osukuba efuna ukundilandela, makazincame, . . . awuthathe umnqamlezo wakhe, andilandele.

⁵⁰ Ngoku, omnye wabaguquleli ubeke, “Thabathe umnqamlezo wakhe aNdilandele yonke imihla.” Ngoku, umqolo wama-35. Phulaphula:

Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe wolahlekelwa nguwo; kodwa othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam nangenxa yeendaba ezilungileyo ezi, wowusindisa lowo.

Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuzwa ihlabathi liphela, waza walahlekelwa ngumphefumlo wakhe?

Okanye worhola ntoni na umntu ibe sisananelo somphefumlo wakhe?

⁵¹ Ngoku masithabathe lo mqolo wama-35 siwucaphule kunye ngoku. Konke kulungile. Ngoku masiyithethe kunye. Sizakuthabatha uMarko 8:16, ngoku masiyithethe kunye; Marko 8:16, ndixoleleni, Marko 8:16, 35. Hayi, ndiyiphosisile okwangoku. Marko 8, uxolo. UMarko, uMarko oNgwele, isahluko se-8, umqolo wama-35. Ngoku masiyizame. UMarko oNgwele, isahluko se-8, umqolo wama-35. Ngoku siyifumene. Masiyifunde. [UMzalwana uBranham nebandla bafunda esi Sibhalo silandelayo kunye—Mhl.]

Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; kodwa othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam nangenxa yeendaba ezilungileyo ezi, . . . uya kuwusindisa.

⁵² Oko kuyamangalisa? Ngoku, sizakuqhubela phambili nebali lethu elincinci, kwaye njengoko abantwana besiza baya kuthatha indawo yabo. Abancedisi babajonge njengoko, bezolile. . . bona ukuba ungabazisa apha, njengoko sithatha kwaye sinika ibali lethu. Sizakusekelezela oku, kusanje, kumdlalo weqonga. Kwaye mna, ixesha elininzi, apha kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo. . .

⁵³ UMzalwana noDade Wood bebekunye nam, ndiyakholwa, phaya phezulu kwinkonzo yokugqibela, kwaye bendithetha kwiSidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini bamaKristu. Kwaye ndenze umdlalo weqonga omncinci kaZakeyu kwi. . . phezulu emthini womthombe, kwaye, xana uYesu wayedlula, nendlela awafumana ngayo umgqomo wenkunkuma, uyazi (ndaze ndayilinganisa loo nto), wenyuka emthini, ukuze abone uYesu; usomashishini ohleli phezulu emthini, uyazi, ezimela kuYesu. Kwaye uYesu wayengazi apho akhoyo, ngokungathi, uyazi. Kwaye emva koko wathi, “Owu, bandixelela ukuba la Ndoda yazi izinto kwaye inokuxela izinto kwangaphambili, kwaye iyazi apho intlanzi yayinengqekembe. Andiyikholelwa.” Kwaye uYesu wahamba kanye phantsi komthi. Kwaye wathi, “Owu, Akanakundibona, ndihleli phezulu emthini.”

⁵⁴ Wema uYesu waza wakhangele phezulu, wathi, “Zakeyu, yihla.” Wayengazi nje kuphela ukuba wayephaya phezulu, kodwa Wayemazi ukuba wayengubani.

55 Ke ndicinga ukuba umdlalo omncinci weqonga ngamanye amaxesha unceda abantu abadala, amakhwenkwe amadala kunye namantombazana, ngokufanayo nabasebatsha.

56 Ke ngoku ungandibuza, emva kokuba oku kuphelile, “Mzalwana uBranham, ulufumana phi olu lwazi lwaba balinganiswa namagama?” Abanye babo, ndikhe ndancedwa ngumhlobo wam olungileyo, uMzalwana uBooth-Clibborn. Kwaye omnye, ngoJosephus, umbhali-mbali omkhulu. Kwaye ke iincwadi ngembali endithe ndazifunda, ngesi siganeko, njalo njalo. Kwaye yindlela endilufumana ngayo ulwazi lwam kwinto esiza kuyinika kumdlalo weqonga ngale ntsasa, ngale nto.

57 Ndiyababona abancinci bethu bayaphuma ngoku, kwaye ngeli bali ngale ntsasa esiza kulinika. Ngoku nina makhwenkwe namantombazana amancinci, ukuba ninako, kangangoko nifuna, yizani apha phezulu ngaphambili. Sine zihlalo ezintlanu okanye ezintandathu ezingenabantu. Ukuba ningathanda ukuya kanye phezulu apha, singavuya ukuba nani. Bayangena nje ngexesha lomdlalo weqonga omncinci apha.

58 Kwaye ngoku yindlela endize ngayo ukuze ndilufumane olu lwazi, indlela endilufumana ngayo. Umntu unokucholachola athi, “Kaloku, andizange ndiyifunde loo nxalenye eBhayibhileni.” Kodwa, ukuba awuzange wenze njalo, imbali iyichole, uyabona. Ke libali elikwalinye lonke, kuphela ukunika nje kwi—i—isimo somdlalo weqonga.

59 Kwaye, ke, yiyo leyo! Yiyo leyo! Ngumntakwenu lowo? Owu, ngokuqinisekileyo ufana nawe! Kwaye yinkwenkwe entle. Ungatsho nje ukuba nguye. Konke kulungile.

60 Ngoku ufuna ukwenyukela apha uze uhlale phantsi apha? Kukho amantombazana amabini amancinci, okanye amantombazana amathathu amancinci. Bethu, ilungile kwaye intle! Ngoku ndiyafuna...Eli bali lincinci ngale ntsasa lelamantombazana amancinci kunye namakhwenkwe. Missus Collins, ndiyakholwa ukuba nguwe apho, kunye nomnye udade omncinane; ufuna ukuya kanye ngaphaya, sthandwa, uze uhlale phantsi. Ehe, ndiyakholwa ukuba kukho indawo kanye apha, ukuba inenekazi linga—lingasusa incwadi yepokotho yalo. Kwaye—kwaye ke kanye ngapha zizihlalo ezimbalwa ngapha.

61 Ndifuna onke la makhwenkwe namantombazana mancinci apha ngaphambili, ukuze ndithethe nawo. Apha, apha sinezitulo ezithile apha. Siyabona nje ukuba nifumana izitulo. Ewe, mhlekazi. Abanye babo baza kusinceda kanye apha. Ke, sifuna ukuba oku kube kokwalamakhwenkwe namantombazana amancinci nje. Owu, bethu! Akukuhlanga oko? Ngoku kuyi...Ndiyakholwa umelwe kukuba ubenezinye ezimbalwa ngaphezulu, Mzalwana Neville, ndibona iqela lisihla. Kwaye ngoku oko kulungile!

⁶² Bangaphi oomama abalapha? Phakamisani isandla senu. Owu, intle loo nto! Ngoku, oko kulungile kwaye kumnandi.

⁶³ Ngoku ukuba nina mantombazana amancinci ngasemva nifuna ukuza apha, yizani ngaphambili, ukuba nibadala ngokwaneleyo ukuba nibe kude nomama. Kwaye umama ufuna ukukuzisa apha phezulu, ke, mxelele ukuba eze. Yekamama, naye. Kulungile, ngoku.

⁶⁴ Ndiyanixelela, bantwana, sisandula ukufunda ivesi. Ingaba ningathanda nonke ukuyicaphula kunye nam? Ningathanda nonke ukucaphula le vesi kunye nam? Ngoku, ifumaneka kuMateyu oNgcwele, isahluko se-16 kunye nomqolo wama-25, into esiza kuthetha ngayo. Ngoku aba bancinci...Yonke inkwenkwe nentombazana encinci, ngale ntsasa, caphula oku kunye nam ngoku: [Amakhwenkwe namantombazana ayaphinda emva koMzalwana uBranham—Mhl.] Yithi, “UMateyu oNgcwele, isahluko se-16, ivesi yama-25.” Ngoku ucaphula kunye nam: “Kuba othe wawusindisa umphefumlo wakhe wolahlekelwa nguwo; nothe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yaM wowusindisa.” Uyakuwusindisa. Masiyiphinde kwakhona: “Othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yaM wowusindisa.” Kuyamangalisa!

⁶⁵ Ngoku, makhwenkwe namantombazana, niyazi ntoni? Kukho izinto ezininzi emhlabeni ezinexabiso ngokwenene. Kwaye enye yezo zinto kukuba, unayo nawe namhlanje, ngumphefumlo ongaphakathi kula mzimba. Kwaye yeyona nto ixabisekileyo emhlabeni, kuwe. Ingaba kunjalo, mama? Yithi, “Amen.” [Oomama bathi, “Amen.”—Mhl.] Eyona nto ixabisekileyo onayo ngumphefumlo wakho. Kwaye ngoku ukuba uyawugcina umphefumlo wakho, emva koko uya kulahlekelwa nguwo. Kwaye ukuba ulahlekelwa ngumphefumlo wakho, ngoku uya kuwusindisa; ukuba ulahlekelwa ngumphefumlo wakho kuYesu, yabona. Ngamanye amazwi, ukuba uyakholwa kuYesu, uba ngumfundi Wakhe. Kwaye emva koko ukuba unikela ubomi bakho kuYesu usemncinci ngolu hlobo, kwaye emva koko uya...Uza kubusindisela kuBomi obungunaphakade. Kodwa ukuba u—ukuba ufuna ukuwugcina, uya kulahlekelwa nguwo; ehe, uya kulahlekelwa. Ufuna ukwenza njengala mantombazana namakhwenkwe alapha, kwaye uphume wenze njengoko besenza, emva koko uya—u—uyakulahlekelwa nguwo. Kodwa ukuba ufuna ukunikela ngobomi bakho kuYesu, ngoku uyakubusindisa ngoNaphakade kanaphakade.

⁶⁶ Ngoku, uyakhumbula ukuba ngoku, eyona nto ixabisekileyo kulo lonke ihlabathi, ngumphefumlo wakho omncinane. Kwaye ukuba uyayigcina, uya kulahlekelwa nguwo; ukuba uwunikezela kuYesu, uyawusindisa. Ningakutsho oko kunye nam? Ukuba... [Amakhwenkwe namantombazana aphinda emva koMzalwana uBranham—Mhl.] Yithi, “Ukuba ndiyawugcina, ndiya

kulahlekelwa nguwo; kwaye ukuba ndiwunikezela kuYesu, ndiya kuwusindisa.” Yiyo leyo! Ngoku niyifumene. Akunjalo. . .

⁶⁷ Bonke oomama bacinga ukuba oko bekulungile, yithini, “Amen.” [Oomama bathi, “Amen!”—Mhl.] Owu, ilungile loo nto! Intle lonto.

⁶⁸ Ngoku, uyabona, kukho into enye onokuyenza. Ngoku, qhubeka. Ukuba bafuna ukwenza njengayo, kwaye babe nemfuno yabo yehlabathi. . . Ukuba amakhwenkwe namantombazana afuna ukuphuma aye phaya enze izinto, kwaye abalise amabali kwaye athethe izinto ezingalunganga, kwaye—kwaye baqhathe kwaye babe, kwaye—kwaye benze izinto ezimbi, baze bakope esikolweni, nezinto, baqhubele phambili; bayaphulukana. Balahlekelwa bubo. Kodwa ukuba uyakubunika uYesu, abayi kuyenza loo nto, kwaye ke iyakubusindisa. Yiloo nto ofuna ukuyenza. Akunjalo?

⁶⁹ Ngoku siza kuqala kwibali lethu elincinci. Ngoku, yimvelaphi yethu leyo, ngoku yikhumbule loo nto. Ngoku masiqale ibali lethu elincinci. Ngoku, kubantu abadala, nako—ootata noomama, phulaphulani, nani, ngoku; nina, ngakumbi nina bomama nootata. Ngoku nje. . . kwaye siyakuqalisa. Niyawathanda amabali amancinane? Niyawathanda? Owu, ndiyawathanda nje! Ingakumbi ngoku. . . Ufunda amabali amaninzi angeyonyani. Kodwa eli bali liyinyaniso, ngokupheleleyo liyiNyaniso, lonke iLizwi lalo. LikwiBhayibhile kaThixo, ngoko limelwe kukuba yiNyaniso, yabona, kuba iliLizwi likaThixo. ILizwi likaThixo liyiNyaniso.

⁷⁰ “Ngoku, uyazi,” wathi, “Ndidinwe kwakhulu. Ndi—ndi—ndidiniwe ngokwaneleyo ukuba ndife.”

⁷¹ “Ke,” wathi, “kutheni ungenyukeli kwigumbi elingasentla uye kulala? Ungqengqe ebhedini, esofeni phezulu, uze ulale.”

⁷² Wathi, “Kodwa, owu, ndidinwe kakhulu.” Wathi, “Owu, sithandwa, ukuba ububonile into endiyibonileyo namhlanje! Owu, ndi. . . Mna, yintoni. . . Andifuni nasiphi isidlo sangokuhlwa! Owu, imbi kakhulu, umbono endiwubonileyo namhlanje!”

Wathi, “Ke, yintoni le oyibonileyo?”

⁷³ Wathi, “Ke, andinakukuxelela, phambi kwabantwana, owu, iyoyikeka kakhulu! Bethu, ibimbi!”

“Ke, yintoni le oyibonileyo?”

⁷⁴ “Ke, ndiya kwigumbi eliphezulu ndize ndingqengqe ixeshana nje, kuze emva koko—kuze emva koko emveni kwesidlo sangokuhlwa xa silalisa abantwana bonke, emva koko ndiyakukuxelela ukuba kwenzeke ntoni namhlanje.”

“Konke kulungile,” watsho.

75 Wenyuka waya phezulu. Wangqengqa. “Owu, ndidiniwe! Owu, bethu!” Uyamazi ukuba unjani utata xa ediniwe, ediniwe ngenene nje!

76 Kwaye emva kwethuba, intombazana enamehlo aqaqambileyo, yaqalisa ukubaleka ijikeleza emgangathweni, yaze yathethela phezulu. Wathi, “Sh-sh-sh, sh-sh-sh, musa ukuyenza loo nto. Uzakuvusa tata. Kwaye, owu, udinwe kakhulu ude yena—wayefuna ukufa. Wayengasafuni ukuphila kwakhona. Kwaye ukuba utata udinwa ngolwahlobo, ke, sifanele simyeke alale ithutyana. Musa ukumvusa.” Kwaye uMiriya omncinane, uya ngaphaya aze ahlale phantsi, ukuze azole ngenene.

77 Kwaye emva komzuzwana wayesele lungise isidlo sangokuhlwa, ngoko uye wanyebelezela ngamanyathelo waza wa—wambiza, “Amram?”

78 Kwaye wathi, “Ewe, Yokebhede, naku. Ndiyehla.” Ngoko behla ngamanyathelo, uyazi, kwaye baba nesidlo sangokuhlwa esimnandi.

79 Bakuba bedlile ke isidlo, nenkwenkwe encinci—encinci nentombazana encinci besidlile sonke isidlo sabo sangokuhlwa, kutheni, bona...umama wabeka izinto waze wabafaka ebhedini.

80 Kwaze emva koko wangena egumbini, yena nomyeni wakhe, bahlala phantsi. Wathi, “Ke, ngoku, yintoni le uyibonileyo namhlanje, Amram, yakwenza wanjalo—wanjalo ukukhathazeka ngobu busuku, kangangokuba awufuni kuphila?”

81 “Owu,” uthe, “sithandwa, a—andiyiqondi nje.” Wathi, “Ndabona...Ke, siyibona yonke imihla, kodwa namhlanje yayikhethekile.” Wathi, “Owu, ndi—ndibone owona mbono woyikekayo ndakha ndawubona.” Wathi, “Amakhwenkwe ethu alusizi, amanye awo engekho ngaphaya kweminyaka elishumi elinesibini ubudala, etsala laa nqwelo inkulu indala, beneentsontelo emqaleni wabo *ngolo* hlobo. Kwaye abo bantwana balusizi bayitsala bade ababinakho ukutsala ngakumbi, benyuka kulaa ndawo inkulu yenyukelayo, loo matye makhulu emva phaya, kwaye ababi nakuya nangaphaya. Kwaye emva kwethuba inqwelo yaqala ukukhenkceza kwaye ihamba ngokucutha ngokwenene, kwaye emva kwethuba yema. Ezantsi endleleni kweza indoda, owu, yayiligeza! Wagquma, ‘Uyimiseleni na le nqwelo?’ ‘Wham!’ ngezozabhokhwe zindala zinkulu zenyoka, kwaye bebabhexesha emihlana, kwaye igazi lalibaleka liphuma kumhlana wawo, kwaye lisehla *ngolwa* hlobo. Kwaye abo bantwana balusizi bejinga kule ntambo kwaye bakhala.” Wathi, “Owu, Yokebhede! Yintoni esingayenza, mama?” Wathi, “Singabantu bakaThixo. UThixo wasisikelela. Thina singabantwana baka-Abraham, u-Isake, noYakobi. Kwaye kutheni kuya kufuneka sibe ngamakhoboka ezantsi

apha kwezi zinto? Owu, imbi kakhulu indlela alila ngayo loo makhwenkwe alusizi. Owu, kwaye ndiyathandaza ndithandaze ndithandaze, Yokebhede, kwaye kubonakala ngathi uThixo akandiva nokundiva. Ndiyathandaza kwaye ndiyathandaza, kwaye Ubonakala ngathi Uvala indlebe, akandiva kwaphela Yena. Ubonakala ngathi akasakhathali.”

⁸² “Ngoku,” wathi, “khangela, Amram, ayivakali njengawe. Ungutata wokwenene, kwaye wena . . . Oku akuvakali njengawe, kuba uhlala usikhuthaza, usixelela ukuba sibe nokholo kuThixo.”

⁸³ “Owu, kodwa, sthandwa, xa ndithandaza kakhulu, kwaye futhi uThixo akandiva, kwaye kubonakala ngathi iya isiba mandundu ngalo lonke ixesha. Okukhona ndithandaza, kokukhona kuya kusiba mandundu.”

⁸⁴ Kodwa, amakhwenkwe namantombazana amancinci, ingaba uThixo uyawuva umthandazo? [Amakhwenkwe namantombazana athi, “Ewe.”—Mhl.] Uyawuva umthandazo. Ingaba uThixo uyawuphendula umthandazo? [“Ewe.”] Ehe. Ingaba Uphendula ngokukhawuleza? Hayi ngalo lonke ixesha. Ingaba Yena? Hayi. Ngamanye amaxesha usenza silinde. Ingaba oko kunjalo? [“Ewe.”] Kodwa, uThixo uyawuphendula umthandazo, Akunjalo? Kwaye ngenxa yokuba yonke into ingahambi kakuhle, loo nto ayithethi ukuba kufuneka siyeke ukuthandaza. Siyathandaza nje siqhubeke, nakanjani na, akunjalo? Injalo lo nto. Ngoku, niphendule kakuhle. UThixo uyawuphendula umthandazo. Masiyithethe sonke kunye. “UThixo uyawuphendula umthandazo.” Ewe. Nokuba iimeko zithini na, Uyaphendula, nakanjani na. Konke kulungile.

“Kulungile, uyenyuka ukuya kuthandaza kwakhona?”

⁸⁵ “Ewe.” Kwaye utata wayenegumbi elifihlakeleyo phezulu phantsi kwephahla apho wayesiya kuthandaza. Ngoko wenyukela phaya ngobo busuku, uguqa phantsi ecaleni, wathi . . . Ngoku wathi, “Yokebhede, hamba hamba uye kulala, wena nabantwana. Ngokuba, ungandikhathazi, ndizakuthandaza mhlawumbi ubusuku bonke ngokuhlwanje.”

⁸⁶ Ngoko waguqa ngamadolo, waza wathandaza kwaye wathandaza. Ndimbona ephakamisa izandla zakhe, esithi, “Thixo ka-Abraham, ka Isake, kaYakobi, likhumbule idinga Lakho kubantu bakho! Naku silapha ezantsi eYiphutha, kwaye siphantsi kobukhoboka. Kwaye, owu, abaqhubi bethu abakhohlakeleyo ba—basiqhubela ekubeni senze izinto, nokusibetha, nabantu bethu abalusizi ba—bahlutywa babeze, kwaye bayasibhexesha ngezabhokhwe. Kwaye singabantu Bakho. Owu Thixo, ngokuqinisekileyo Uyawuva umthandazo! Ngokuqinisekileyo Uya kuwuphendula umthandazo! Kwaye ndiyathandaza ndithandaze ndithandaze, kwaye Ubonakala ngathi Awundiphenduli nokundiphendula. Kodwa, Thixo,

ndiyakholwa ukuba Wena unguThixo, kwaye ekugqibeleni Uyakuwuphendula umthandazo.” Kwaye wathandaza ngolo hlobo, phantse ubusuku bonke.

⁸⁷ Kwaye ngentsasa elandelayo, malunga nentsimbi yesithathu okanye yesine, uyehla ngezinyuko ezincinci. Kwaye ujonga ngaphaya, kwaye nantso inkosikazi yakhe encinane ethandekayo, uYokebhede omncinane. Wayephaya ebhedini elele. Kwaye u-Aron omncinci noMiryam omncinci babesele befakwe ebhedini, ngoko babesozela kangangoko babenako, baze balala. Konke kulungile. Uthi kuye. . . Wathi, “Lihambile ixesha, kwaye nje uba. . .”

⁸⁸ “Ehe, ndithandaze ubusuku bonke.” Amehlo akhe ayegcwele iinyembezi, kuba wayekhalela abantu.

⁸⁹ Kwaye wathi, “Khangela, Amram, akufanelanga ukuba ube uye ngamandla kuyo.”

⁹⁰ “Ngoku,” wathi, “mamela, sthandwa. Oko kulungile. Kodwa ngoku jonga, unabantwana ababini ofanele ubakhulisele apha. Kwaye umthwalo ngowam. Ukuba umntu akabathandazeli abantu bakowethu abalusizi, kuya kwenzeka ntoni kubo? Kuya kwenzeka ntoni ukuba umntu akanabo abantu entliziyweni? Umntu othile ufanele athandaze.”

“Ke,” wathi, “Amram, umthwalo awungowakho wonke.”

⁹¹ “Ke, kubonakala kunjalo. Kwaye nakanjani, ndiya kuthandaza, nakanjani na, ngalo lonke ixesha!”

⁹² Uya emsebenzini ngaloo mini. Kwaye yonke imihla uyafika kwaye ahambe, kunye nokubulaleka okufanayo kwakudala. Kwaye wayenomsebenzi onzima. Kwafuneka enjenjalo. . . Bagalela udaka kwizinto zokulelela ezinkulu, kwaye kwafuneka ukuba eme apho ngasezikweni lomlilo elikhulu. Xa babeya kuyivula, owu, bethu, yayiphantse iqhekeze ufele lwakhe, obo bushushu boyoyikekayo! Wayeyakutyhala ezo zitena emva phaya azibhake, azikhuphe; ukwakha iindlela ezinkulu, neenqaba ezinkulu eziphakamileyo, kwizithixo zezithixo nayo yonke into. Kwaye le ndoda yomKristu yenene phaya ezantsi isebenza ngolo hlobo, isebenzela utshaba. Kodwa wayelikhoboka, esebukhobokeni. Kwafuneka eyenze.

⁹³ Rhoqo ebusuku xa ifika ekhaya, yayithandaza. Kwaye inyuke izinyuko kwakhona, ithandaze kwaye ithandaze kwaye ithandaze, ibuye ihle. Akukho ngcono; kwaqhubeka kusiba mandundu.

⁹⁴ Kwaye ngenye imini ngaphaya emsebenzini yeva amarhe. Yathi, “Yintoni leyo? Yintoni leyo? Ndixelele!” Umntu othile wasebezela omnye. Emva kwethuba, phambi kokuba imini idlule, kwakusele kugcwele ilizwe lonke, into eyayiza kwenzeka.

⁹⁵ Yayiyintoni? Kwakuza kudibana ibhanga ngobo busuku. Ukumkani omdala uFaro, ukumkani omdala okhohlakeleyo

wayeza kubabizela ndawonye bonke abantu bakhe, kwaye babe nelinye ibhunga elikhulu. Ngoko babenalendibano inkulu yebhunga phaya ezantsi.

⁹⁶ Ngoko ngobo busuku wangena, owu, wayethe khunubembe. Uyangena, kwaye umfazi wakhe uthi, “Amram, sbandwa,” wamhlangabeza emnyango, wamanga, waze wathi, “Ndinesidlo sakho sangokuhlwa sihle kakhulu kwaye sifudumele. Kodwa,” wathi, “sbandwa, ukhangeleka uluthuthu. Yintoni ingxaki?”

⁹⁷ Wathi, “Owu, Yokebhede, ukuba ubusazi ukuba kuqhubeka ntoni! Owu, kubi ngakumbi kunangaphambili!”

“Intoni?”

⁹⁸ “Sh-sh, andikwazi ukuyithetha, abantwana bakhona. Linda kude kube semva kwesidlo sangokuhlwa, kwaye ndiza kukuxelela ngako.”

“Kulungile.”

⁹⁹ Ngoko ke, wayesilungiselele isidlo sangokuhlwa. Wagqiba isidlo sangokuhlwa, waza wabathatha bonke abantwana, wababeka ebhedini.

¹⁰⁰ Bangena ke. Wathi, “Yokebhede, ndifuna ukukuxelela into.” Wathi, “Enye yezona zinto zimbi kakhulu iyenzeka.”

“Intoni?”

¹⁰¹ Wathi, “Bazakuba nelinye ibhunga namhlanje, ngokuhlwanje. Kwaye xa besenza njalo, baya kubeka omnye umthwalo phezu kwethu bantu.”

¹⁰² Ke, ngoko, masiye ngaphaya ebhotwe lokumkani. Ukumkani uFaro wabazisa phandle phaya bonke, wathi, “Kulungile, nonke zinjengele! Yintoni ingxaki yenu apha? Ndinika imiyalelo yam apha! Aba bantu bayanda ngalo lonke ixesha! Yintoni ingxaki? Ingaba asinakukuthintela oku?” Wathi, “Ngenye imini kuyakungena omnye umkhosi apha. Kwaye zonke ezi ntshaba zethu, ukuphuma eGoshen ngaphaya, lamaSirayeli, aya kuhlangu nalo mkhosi, kwaye baya kusoyisa. Kwaye uqoqosho lwethu olukhulu luya kudilizwa, ubukumkani bethu obukhulu buya kutshatyalaliswa. Baya kusithatha. Ingaba yintoni ingxaki nani? Thethani, mntu wumbi! Ingaba aniyazi into yokuyithetha?” Owu, wayekhohlakele, kwaye ekhohlakele kakhulu. Zonke iinjengele, zingcangazela.

Enye yazo yaphakama, yathi, “Phila ngonaphakade kumkani uFaro.”

“Ewe, thetha into oza kuyenza!”

¹⁰³ Yathi, “Phila ngonaphakade kumkani. Mhlonipheki, mhlekazi,” yathi, “Ndingathanda ukuba ungabeka imithwalo engaphezulu phezu kwabantu.”

104 “Lukhakhayi lundindisholo! Sele ubathwalisa imithwalo emininzi abantu, ukanti bayanda. Ngoba, wena, ukuba zizo zonke iibono onazo, zigcine kuwe!” Owu, wayerhabaxa.

105 Emva kwexesha enye yaphakama, uncumo olukhulu ebusweni bayo, njengomtyholi. Yaza yathi, “Phila ngonaphakade Kumkani uFaro.” Wathi, “Ndinembono.”

Wathi, “Ke, thetha! Musa ukuma apho ngolo hlobo!”

106 Yathi, “Ndiza kukuxelela into esinokuyenza.” Yathi, “Uyazi, aba bantu banda ngokukhawuleza.”

107 “Ewe, oko kulungile!” Yathi, “Abanye babo, abanye abantu babo bade babe nabantwana abalishumi elinesine, ngamanye amaxesha babanabantwana abangamashumi amabini. Kwaye abantu bethu abanayo mhlawumbi nomnye.” Wathi, “Bayanda ngokukhawuleza, bagubungela umhlaba wonke.”

108 Yabona, uThixo wayesenza into ethile. Yabona, uThixo uhlala etsala uboya phezu kwamehlo omtyholi, uyabona. Yabona? Uyayazi into Ayenzayo. Yabona? Kwaye bonke aba bafazi banabantwana abaninzi.

109 “Ngoba,” yathi, “phila ngonaphakade kumkani. Ke, ndiza kukuxelela ntoni. Ngalo lonke ixesha umfazi ezala umntwana oyinkwenkwe encinci...Phumani niye kumhlaba apha niye kufuna abafazi abangenzalo...abangengabo oomama. Uyabona, abafazi abangazange babenabantwana, abafazi abangabafuniyo abantwana nabangabathandiyo abantwana, amagqwirha amadala anempumlo ezinde. Yabona, inde kakhulu impumlo, kokukhona kungcono! Iminwe emidala emide, ubuso obuqatyiweyo, kwaye nibafumane. Abalwazi ukuba yintoni uthando lukamama. Ke ngoko xa usana oluncinci oluyinkwenkwe luzalwa, ngoba, mabahambe baye kulanda laa nkwenkwe incinane yosana, kwaye niyizise apha nityumze intloko yakhe eludongeni, niyiphose emva endlwini kumama ngolo hlobo. Mphoseni ezantsi equleni elikhulu. Owu, okungcono kunoko, mkhupheni nimbophe izandla neenyawo, nimkhuphele ngaphandle, nityebise iingwenya. Nantso indlela yokuyiphelisa. Ngoko abasayi kwanda kakhulu, kuba akuyi kubakho madoda aseleyo; ubulele zonke iintsana ezingamakhwenkwe.”

110 “Owu,” uFaro uthi, “ilungile lonto! Olo luluvo oluhle!” Yabona ukuba yintoni umtyholi? Ukhohlakele, akanjalo? Wathi, “Ngoko nantso into yokwenza! Hamba uye kuthatha... Une... Ngoku, ngenxa yokuba ubunayo ingcamango, ndiya kukwenza umveleli waloo nto. Phuma uye kufumana bonke abafazi abadala obaziyo, a—abangazange babe ngoomama, kwaye ababathandi abantwana. Kwaye ba...” Bona...

111 Uyabona, kuthabatha umama ukuthanda umntwana. Uyakhumbula indlela umama awayekuthanda ngayo? Ke, ngoku yabona, umama uyazithanda iintsana ezincinci.

112 Kodwa kwakufuneka bafumane umntu a—abangazange... abakhange babenabantwana, ababengafuni bantwana, nje—nje—nje abafazi abakhohlakele ngokwenene. Kwaye wathi, “Benze amapolisa. Kwaye xa ubenza amapolisa, kwaye ubanika imiyalelo yokuba bangangena kuyo nayiphi na indlu abafuna ukuya kuyo, kwaye bathathe lonke usana oluncinane balutyumze intloko yalo eludongeni, baze balunike iingwenya ukuba zilutye. Lonke usana oluncinci!” Owu, inkohlakalo enjani! Ngoko uyayazi ukuba benza ntoni?

“Kulungile, oko kuhle!”

113 Kwathi ngengomso xa u-Amram elapha ezantsi esebenza, weva ukuba la mba wenziwe.

114 Owu, uyagoduka. Wathi, “Owu, Yokebhede! Owu, sthandwa, mandikuxelele into. Uyazi ukuba wawuyintoni la myalelo, ukhutshiweyo? Ukubulala zonke iintsana ezingamakhwenkwe.” Wamxelela. Wathi, “Owu, andinakuyimela nayo.” Kwigumbi eliphezulu waya kwakhona, ukuthandaza. Ngobo busuku wathandaza ngendlela awayengazange athandaze ngayo ngaphambili.

115 Ingaba sifanele siqhubeke sithandaza? Owu, qhubeka uthandaza! Ingaba oko kulungile? Qhubeka nje uthandaza, nokuba kuqhubeke ntoni na. Qhubeka uthandaza!

116 Ngoku, kwaye into yokuqala uyazi, wathandaza ubusuku bonke, “Owu Thixo, yiba nenceba! Nceda, Thixo! Siyathandaza ukuba Uyakusineda ngandlela ithile.” Wabuya ukwehla, malunga nokukhanya kwemini.

117 Usuku emva kosuku, kwaye, owu, okunjani ukubhomboloza elizweni jikelele! Yonke imihla babeyakuya oomama bekhala, benyuka besihla ezitratweni. Babeyakuthatha iintsana zabo ezincinci ezingalweni zabo, ezabo ezincinci, iintsana ezingamakhwenkwe zabo ezinomtsalane. Loo magqwirha madala ayeya kungena apho aze, athabathe iinyawo zawo ezincinci, azibethekise eludongeni aze azibulale, kwaye aziphose kwiingwenya. Umama olusizi wayeya kuguqa ngamadolo, kwaye akhale, “Owu, sukuluthabatha usana lwam! Sukuluthabatha usana lwam!” Kwaye, owu, elinjani lona ixesha ababenalo!

118 Uyayazi indlela umama aluthanda ngayo usana oluncinane, nendlela aluchwakaze ngayo esilevini. Khumbula indlela umama ebeya kukuthabatha kwaye—kwaye akuhlambe, kwaye akuphuze, kwaye—kwaye—kwaye atsho ukuba ubumhle kangakanani. Nendlela abeya kulalisa ngayo ebusuku. Kwaye, owu, ukuba—ukuba ubunga...ucango oluncinane beluyakuvuleka, umoya omncinci ungena, into enjalo, owu, bethu, wayeyakubaleka ngokukhawuleza aze aluvale ucango, alugqume usana oluncinane, kwaye, uyazi, aluthabathile. Ebekuthanda. Yabona? Ebekuthanda. Owu, wayeyithanda laa nto incinane ilusizi awayeyinikwe nguThixo, engenakuzinceda

kwaye yayingenakuzinceda ngokwayo, ke wayeluthanda olo sana. Kwaye waphuza nje iintsana zakhe ezincinci wadlala nazo, kuba wayengumama wenene. Yabona?

¹¹⁹ Kodwa la maxhegwazana abulala iintsana, ayengazi ukuba uthando lukamama luyintoni na. Babengengoomama. Konke ababecinga ngako, babenexesha elikhulu ezingqondweni zabo, izinto zehlabathi, ngoko babengena babulale ezo ntsana zincinane. Umncinci kakhulu ukuba wazi, kodwa kusaqhubeka. Injalo lo nto. Ngoku nina bantu badala niyayazi le nto ndithetha ngayo. Injalo, ininzi kakhulu! “Owu,” uthi, “andiyi kuthatha. . .” Kodwa ityala lokuqhomfa liyinto enye. Kulungile, kodwa uyabona ukuba abalwazi ukuba yintoni uthando lukamama. Ngoku uyazi ukuba ndithetha ukuthini xa ndisithi “oomama bokwenyani”! Injalo lo nto. Akukho mahluko; umtyholi okwamnye! Ngoko ke, ngoko bona. . . Khawucinge nje ngamawaka aphindwe ngamawaka aphindwe ngamawaka, ngonyaka, imbi kangako njengoko kwakunjalo eYiputa, okanye okubi ngakumbi.

¹²⁰ Kwaye apho, ngoko, bangena, babengenalo uthando lukamama, ngoko babethabatha ezo ntsana bazibulale. Owu, ibisiya iba mandundu namandundu. Kwaye ngenye imini kwafika amanye amarhe, bazakuba nenye intlanganis.

¹²¹ Wawabizela ndawonye uFaro onke amaphakathi akhe, wona, onke ndawonye, bangena khona phaya: wathi, “Kulungile, basanda! Siza kwenza ntoni ngoko?”

¹²² Kwa lo mnyebelele mdala, uliqili onobuso bomtyholi, waphakama. Wathi, “Phila ngonaphakade Kumkani uFaro. Ndinembono. Khangela, uwenza amadoda asebenze. Ubenze batene izitena, ezininzi kakhulu ngemini, ubenza bazenze ngomququ. Ubabulele a—abantwana abancinci nezinto ezinjalo, kodwa basanda. Into omelwe kukuyenza, kukubeka abafazi emsebenzini, nabo. Ukuba ubeka abafazi emsebenzini, ngoko abayi kuba. . .” Ngoku, asiyondawo yomfazi leyo. Hayi. Ngoko bathi, “Kodwa beka abafazi emsebenzini, nibabeke phaya, nibenze benze izitena, nabo. Kwaye ke baya kudinwa kakhulu xa bengena, a—abanakuphekela abayeni babo isidlo sangokuhlwa, abanakuba ngumama olungileyo, yabona. Kwaye ke ukuba baya kusebenza kwaye baqhubeke ngolo hlobo, ke a—abayi kukwazi ukuyenza. Ke, babeke emsebenzini, nabo.”

¹²³ “Ilungile lonto! Bethu, uyindoda elumkileyo.” Ngoko ubeka bonke abafazi emsebenzini.

¹²⁴ Kwaye nanko kufika olusizi u-Amram omdala, engena ngobo busuku, wathi, “Owu, Yokebhede, andazi ukuba siyakwenza ntoni na. Ngoku babeka bonke abafazi emsebenzini. Ndi—ndiyakuxelela, owu, andazi nje ukuba ndenze ntoni! Thina—thina—thina nje. . . Singamakhoboka, kwaye siya sisiba

mandundu namandundu. Ndi—ndiyaqikelela oku: ukuba uThixo uthe wasenzela nantoni na, iyakuba semva kokuba sonke sifile.”

¹²⁵ Ngoku, uThixo akalindi ngolo hlobo, ingaba Unjalo? Hayi. UThixo uyasijonga nje ngamanye amaxesha, Akanjalo? Konke kulungile.

¹²⁶ Ke ngoko ngobo busuku, wathi, “Ndiya kunyuka ndithandaze ngendlela endingazange ndithandaze ngayo ngaphambili!”

¹²⁷ Ngoku, leyo yindlela yokuthandaza, akunjalo? Thandaza ngendlela engazange uthandaze ngayo ngaphambili, ngenene ungene emsebenzini! Yabona, ukuba uyenyuka nje uthi, “Nkosi, sikelela u*Nje-na-nje*,” UThixo aka—akanamdla kakhulu kuloo nto. Kodwa xa ngenene ungena emsebenzini! Xa nina makhwenkwe namantombazana amancinci nithandaza, ngenani emsebenzini! Ingaba niyayenza loo nto esikolweni? Ingaba ni—niyamcela uThixo anincele esikolweni? Xana—xana nisiya esikolweni, kwaye akwenzi manqaku amahle kakhulu, ungena kwaye uthi, “Thixo, ndi—ndifuna Wena undincele.”

¹²⁸ Ingaba uyathandaza? Mangaphi amakhwenkwe amancinci namantombazana athandazayo? Makhe sibone izandla zenu. Owu, oko kulungile. Ngoku, oko kulungile. Ingaba ninayo indawo efihlakeleyo apho niya kuthandaza khona, apho umama notata bengakuboni nokukubona? Ingaba uthandaza ngolo hlobo? A—akuthandazi ngolo hlobo? Yiba nendawo encinci, chwechwa uphume uthandaze, kwaye wenze umthandazo wakho omncinci. Uwutsho njalo ebusuku phambi kokuba ulale? Xa uvuka ekuseni, kunye nento? Owu, ilungile loo nto. Mangaphi amanye amakhwenkwe namantombazana amancinane (phakamisa isandla sakho) athandazayo? Kude ngaphaya esakhiweni. Owu, akukho kuhle oko? Ke, ngoku, kulungile. Loo nto ibonisa ukuba unomama notata wokwenene okufundisa ukwenza ezi zinto. Ngoku, ngoku xa ngenene unesidingo, kungcono uthandaze ngokunyanisekileyo. Ubungenjalo?

¹²⁹ - Ngoko ke, u-Amram omncinane, uya kumgangatho ophezulu. Owu, bethu! Wayengafuni sidlo sangokuhlwa. Wathi, “Kubi kakhulu. Bethu!”

“Owu,” wathi, “kufuneka utye isidlo sangokuhlwa, tata.”

“Andikwazi nje ukuyenza, Yokebhede. Andikwazi ukuyenza. Ndi—ndi . . .”

¹³⁰ “Owu,” wathi, “kodwa uyehla emzimbeni, kwaye uphakuphaku, kwaye uluthuthu ebusweni bakho. Ugabha ukutya kwakho, kunye nezinto.”

¹³¹ “Owu, andazi ukuba ndenze ntoni! Kodwa,” wathi, “sthandwa, ukuba umntu akabathatheli ntliziyo abantu, ukuba umntu othile akabathandazeli abantu, siyakwenza ntoni?”

Siya sisiba mandundu. Ngokuqinisekileyo, ngelinye ixesha, uThixo uya kuva!”

¹³² Ewe, oko kunjalo. Injalo lo nto. UThixo uya kuva. Ungena ekusebenzeni kwaye uhlale nje apho!

¹³³ Owu, ngeli xesha unyukela kwigumbi eliphezulu ngokwahlukileyo. Xana enyukela kwigumbi eliphezulu ngeli xesha, aguqe phantsi, abeke izandla zakhe phezulu, ekhwaza, “Thixo, ndithetha naWe ngoku!” Amen. Ungene ekusebenzeni! “Thixo, Wena uneendlebe, kwaye Wena uyeva. Wena unamehlo, kwaye Wena uyabona. Wena unenkumbulo; Uyalazi iLizwi Lakho. Uyalazi idinga Lakho. Ndiyakubongoza, Thixo, jonga ezantsi apha, Wena unguThixo ka-Abraham, Isake, noYakobi, ukuba abantu Bakho basembandezelweni, kwaye bayafa. Senzele okuthile, Thixo! Kufuneka sibe naWe kwangoko! Simelwe kukuba naWe, kungenjalo siyakutshabalala. Kufuneka sibe naWe. Sifanele nje ukuba, ukuba siyaphila.” Kuxa uthandaza ngokwenene. Owu, wathandaza!

¹³⁴ Uyazi, ngamanye amaxesha abantu xa bethandaza, bayadinwa. Akunjalo, mama notata? Owu, badinwe kakhulu! UMzalwana uBranham ngelinye ixesha uye adinwe kakhulu ndiphantse ukufa isiqaqqa xa ndisiya kuthandaza ixesha elide; uvele utyhafe, ungaryi, nezinto ezinjalo, iintsuku; kwaye uthandaze kwaye uthandaze kwaye uthandaze, kwaye ushumaye. Kwaye ndifika nje kwindawo apho ndiza kuquleka, phantse. Kwaye ngamanye amaxesha abantu baba njalo. Ayiloxesha lokuncama elo. Qhubeka! UThixo uya kuphendula! [UMzalwana uBranham unqonkqoza kathathu epulpitini—Mhl.] Ewe, mhlekazi. Hlala ubambelele! Ewe, mhlekazi.

¹³⁵ Ngoko unyuka izinyuko ezincinci, ezindala ezikrikrizayo. Kwaye ndiyabona uYokebhede edlula, aze athi, “Owu, Amram, musa. Sthandwa, ndi—ndiyakholwa . . .”

¹³⁶ “Ngoku, Yokebhede, khangela, uyelungileyo, ethandekayo . . .” Wayengomhle, omhle umama omncinci. Waze wamncamisa esidleleni, uyazi, wambambazela *ngolo* hlobo. Wathi, “Ngoku, mama, buyela umva kwaye ubeke u-Aron no—noMiriyam omncinane ebhedini. Kwaye ndiya kunyuka ukuya kuthandaza. Ke ngoku, ukuba uyandiva ndilila, ungenyuki.”

¹³⁷ “Ke, kodwa, Amram, uza kwenza ntoni, sithandwa? Umalunga nokufa.”

¹³⁸ “Ewe, kodwa ndi—ndinomthwalo wabantu entliziyweni yam. Kufuneka ndenze into ngayo. Kufuneka ndihlale emadolweni. Kwaye ngoko bonke abantu . . .” Wathi, “Namhlanje, kuphela namhlanje, ezantsi kwinduli yezitena, bendilapho ezantsi, ndaqhubeka ndisithi, ‘Ke, ngokuqinisekileyo, uThixo uya kuva!’ Kwaye enye indoda enkulu endala yeza, yabeka izandla zayo esinqeni sayo, yathi, ‘Uya kuva nini na Yena? Uya kuva nini Yena?’ Uyabona indlela

abantu abaya besibakrakra ngayo? Bachasa uThixo, ngokuba bayathandaza kwaye bathandaze kwaye bathandaze, kwaye akukho nto yenzekayo. Kwaye lo uyathandaza athandaze athandaze akhonto yenzekayo. Kwaye bonke ababingeleli bathi, ‘Tintsuku zemimangaliso zidlule, kwaye ekuphela kwento esinokuthi siyenze kukugoba kanye phantsi kwaba baqeshwa bakudala banqula abahedeni, okanye oothixo babahedeni, nanjalo njalo. Yaye sinokwenza ntoni?’” Kodwa wathi, “Kodwa ndiyakholelwa kuYehova! Amen! Ndiyakholwa Usawuphendula umthandazo!”

¹³⁹ Uyayikholelwa loo nto? [Ibandla lithi, “Amen!”—Mhl.] Uyakholwa yiloo nto? Amen! Nonke nina nikholwayo koko, yithini, “Amen.” [“Amen.”] Usaphendula umthandazo! Konke kulungile.

¹⁴⁰ Umzimba omncinci omdala obuthathaka, wehla ubunzima obuninzi. Enyuka izinyuko ezihexayo uyahamba, uye ngaphaya aze aguqe. Wathi, “Owu Yehova!” Owu, wathandaza ngendlela awayengazange athandaze ngayo ngaphambili! Wathi, “Yehova, khangelana apha! UnguThixo wokwenene. Siyakholwa ukuba Uneendlebe. Siyakholwa ukuba Unamehlo. Kwaye Uyazazi zonke izinto. Kwaye siyakholwa ukuba UnguThixo wamaHebhre, kwaye singabantu bedinga. Siyakholwa ukuba Uyaligcina iLizwi Lakho.” Wathi, “Jonga aba bahedeni phandle apha, bawuthatha njani umsebenzi wethu oxabiso liphantsi, baze bakhe iindlela ezinkulu nezithixo, nayo yonke into. Wena, Yehova, Ugahlala uhleli eZulwini na uze Uzivumele iintlanga zilawule phezu Kwakho? Andikholelwa ukuba Uyakuyenza loo nto.” Amen!

¹⁴¹ Andikakholelwa ukuba Uya kuyenza loo nto! Amen! Xana umtyholi engena, uThixo usenguThixo! Injalo! Akayikuvumela ezi demoni ukuba zenze loo nto. Ndiyakholwa yiloo nto, namhlanje, ukuba xana ifashoni nobuvuvu, nako konke oku kubola kusenzeka; sekunjalo, uThixo usalawula kwaye usenguThixo! Injalo! Into esiyifunayo ngumntu onjengo-Amram, onomthwalo entliziyweni yakhe, oya kuhlala apho aze awuthandazele, ade aMazulu acande avuleke ngaphesheya, uThixo uyehla awuphendule umthandazo. Amen.

¹⁴² “Ngoku jonga apha,” wathi, “Thixo, Uvumela abahedeni bangcikive abantu Bakho? Iiveki neenyanga kunye neminyaka idlulile. Sithandaza rhoqo, ngeenyembezi, kodwa... [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Owu Thixo, Ungayivumela na into enjalo?”

¹⁴³ Ndiyamangala namhlanje, ukuba xa amakhulu eentsana ezincinci ziphoswa emilanjani nakumachibi amdaka, kwaye zingavunyelwa ukuba ziphile, namatyala okuqhoma nayo yonke enye into eyenziwayo; Owu Yehova, Uyakuyivumela into enjalo ukuba iqhubeke? [UMzalwana uBranham wankqonkqoza

kathandathu epulpitini—Mhl.] Namhlanje, xa iwiski nebhiya, nobomi basebusuku, nayo yonke into, zikhala. Kwaye nepulpiti sele ibuthathaka kangangokuba bayoyika ukuthetha nantoni na ngaloo nto. Yehova, Uya kubuvumela na ubuvuvu obunjalo ukuba buqhubeke? Uya kuphendula ngenye imini. Owu, ingqumbo Yakhe iyoyikeka yakufika. Ewe, mhlekazi. Abafazi bephuma benze iliso losana lwabo itreyi yecuba, ukulahla uthuthu, nayo yonke into. Kwaye abantu bathatha iintsana zabo bazikhuphele phandle kwiindawo ezithengisa utywala, amantombazana amancinane namakhwenkwe ehleli phezulu, emithandathu okanye esibhozo iminyaka ubudala, ukusela, nezinto ezinjalo. Kwaye isizwe siyenza ibesemthethweni, kwaye, “Yonke ilungile.” Owu, bethu! Ucinga ukuba uYehova akayiboni loo nto? Xana, bade bahlekise ngabantu abathe ngenene baba ngabalungileyo kuThixo. Zonke ezi zinto ziqhubeka, zihlekisa. Bambelela, qhubeka ubambelele! UYehova uya kuphendula. Sukuxhalaba. Konke kulungile.

¹⁴⁴ Siqhubela phambili kancinci. Simfumana phaya phezulu ethandaza. Kwaye uvele adinwe kakhulu, alale. Uthandaza nje ade awe phantsi. Akakwazi kuqhubela phambili kwaphela, kwaye walala kancinci. Wavuka. “Yintoni ingxaki? Jonga apha! Kuvela phi okwa kuKhanya? Owu, khangela, kumi apho ekoneni.” Nako kwakumi iNgelosi, ikrele laYo lijinga apho ecaleni laYo. Owu, wajonga kwakhona, wahlilikhla amehlo akhe. Waziphakamisa edolweni, wathi, “Nkosi, owu, owu, yintoni—yintoni Oyifunayo kum?”

¹⁴⁵ Wathi, “Amram, ndiyiNgelosi kaThixo. Ndithunywe ukusuka eZulwini, ukuba ndikuxelele ukuba uThixo uwuvile umthandazo wakho. Kwaye ndize kukuxelela ukuba Uyakuthumela umhlanguli. Uyawakhumbula onke amadinga Akhe.” Ndiyayibona iNgelosi ngoku; khangela kuYo, Ikhupha eli krele. Yalatha ngasentla. U-Amram wajonga. Yathi, “Nje ukwalatha kweli krele kulele ilizwe ledinga. Kwaye Ndathembisa ooyihlo u-Abraham, Isake, noYakobi, ukuba nina bantu niya kulidla ilifa elalizwe. Kwaye ndikuvile ukuncwina kwabantu, ndisivile isikhalo sabantwana, kwaye Ndehlile. Kwaye ndifuna wazi ukuba uyakudlala indima enkulu kule nto, Amram, ngokuba ubuthembekile emthandazweni. Ubuthembekile endlwini yakho. Kwaye malunga neli xesha nyaka uzayo, uYokebhede, inkosikazi yakho encinci ethandekayo, iyakuwola usana oluncinane oluyinkwenkwe. Kwaye olo sana lwenkwenkwe luncinci luzakuba ngumhlanguli.” Uzuko!

¹⁴⁶ Wathi, “Owu, ewe. Ewe. Owu, ewe. Ewe. Owu, Intle kakhulu.” Wajonga, yaza iNgelosi yaqalisa ukufunquka. Kwaba ngathi amazulu onke avuleka, kwaye Yaza Yaphuma egumbini. Walinda kancinci. Wathi, “Owu, ndisezingondweni.”

147 Wehla ngezinyuko, ngokukhawuleza ngenene, waza wathi, “Yokebhede! Yokebhede, khawuleza!”

Wathi, “Ewe, yintoni ingxaki, sthandwa?”

148 Wathi, “Hlala!” Kwaye ukukhanya kwenyanga kwakukhanya efestileni, kwakunjalo. . . Wayekhangeleka emhle. Waze wathi, “Ndisandula ukubona iNgelosi kaThixo, kwaye Yandixelela zonke ezi zinto.”

“Owu, ibikhangeleka njani Yona?” watsho umama. “Ibikhangeleka njani Yona?”

149 Wathi, “Owu, Ibintle. Yayinengubo eqaqambileyo. Amehlo aYo ayekhazimla. Kwaye yayiphethe ikrele esandleni saYo, Yalikhomba ngasentla.” Nantso indlela, uyazi, ilizwe ledinga liphuma eYiphutha; phezulu ngaloo ndlela, ePalestina. Wathi, “Walatha emantla. Kwaye Yathi siza kuba nosana malunga neli xesha kunyaka ozayo, kwaye olu sana luncinane luzakavela lube ngumeyisi, kwaye liya kubahlangula abantu Bakhe. Owu, haleluya, Yokebhede!”

150 Kwaye waqaphela ukuba wayemhlophe. Ubuso bakhe, amehlo akhe ejamile, amehlo akhe amakhulu ejongile. “Yokebhede, yintoni ingxaki?”

“Owu, Amram! Hayi, hayi, hayi! Sinomntwana oyinkwenkwe?”

“Ewe.”

151 “Owu, wena. . . Ayinakuba njalo. Uyayazi intoni? Owu, ukuba awuzange ube nalo mbono. Uyayazi intoni, uFaro, ubulala zonke iintsana ezincinci.”

152 “Ewe. Kodwa, uyazi, ukuba uThixo usinika olu sana, uThixo uya kulugcina usana. Amen! UThixo wathembisa. UThixo uya kumnakekela.”

153 Ke, ngosuku olulandelayo uyaphuma aye emsebenzini. Kwaye bonke abafo phaya phezulu, bamqaphela u-Amram. Endaweni yokuza, uyazi, egobile kwaye ediniwe, wayephakamise amagxa akhe, wathi, “Gqithisa ezinye izitena. Yiza, masihambe!”

“Yintoni ingxaki?”

“Uzuko kuThixo! UThixo uza kuwuphendula umthandazo.”
Owu, hayi. . .

154 Uyazi, kukwenza uzive wonwabile xa ufumana impendulo. Ingaba asiyazi loo nto, tata kunye nomama, xa uThixo enika impendulo? Awudingi ukubona umbono. Yazini nje ukuba impendulo iphaya, yiyo yonke loo nto. Kuko konke, yazi nje ukuba impendulo iphaya.

155 Ngoku, mamela ngokusondeleyo ngoku, ndifuna ukuba uphulaphule, oko kwenzekayo. Ngoku uyazi, emva kwethuba, wathi, “Kulungile, Amram, yintoni ingxaki ngawe?”

156 “UTHixo uza kuwuphendula umthandazo! UThixo uza kuwuphendula umthandazo!”

“Ke, Uza kuwuphendula njani umthandazo?”

“Loo nto ayenzi mahluko.”

157 Omnye umfo omdala wahamba wenyuka, waze wathi, “Ngoku ucinga ukuba Uyakuze aphenandle nini?”

158 “Ke, andizukukuxelela, kuba ungongakholwayo, kakade. Ndidlulisele ezinye izitena.” Ziphosa phaya *ngolwa* hlobo...?...Andikhathali; akuyomfuneko ukuba uxelele abangakholwayo zonke izinto, akunjalo? Ayenzi nawuphi umahluko. Hayi, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo akunjalo. “Ndidlulisele ezinye izitena. Haleluya! Uzakuphendula umthandazo!” Yiloo ndlela oziva ngayo xa usazi ukuba kuya kwenzeka. Akunjalo? Ewe, mhlekazi.

“Ke, Uyakuyenza njani loo nto?”

159 “Awazi, nakanjani na, ngoko qhubeka udlulisa nje isitena.” Zibeke zonke phaya, beka sonke eso sitena sidala phaya.

160 Ngobo busuku waya ekhaya, wathi, “Owu, Yokebhede, khawucinge ngayo, siza kuba nosana! Owu, uya kuba ngumhlanguli! UThixo uza kumthuma. Owu, kuya kumangalisa.”

“Oh, kodwa ndikangako...”

161 “Owu, yeka ukuxhalaba! Yeka ukuxhalaba! Bethu! uThixo use—UThixo usekuveni ngoku. UThixo uneendlebe; UThixo unakho ukuva. UThixo unezandla; Unakho ukuhlangula.” Ke, owu, wayenokholo oluninzi.

162 Uyazi, xa uthandaze wagqobhozela, ufumana impendulo, ngenene ufumana ukholo oluninzi ngoko. Owu! Ingaba wakhe wathandazela nantoni na, kwaye uyazi ukuba uThixo uyakukwenzela? Niyayenza loo nto nina mantombazana amancinci, nani makhwenkwe? Ehe. Ngokuqinisekileyo. Kungelo xesha Yena...Kulapho uyazi ukuba izakwenzeka. Konke kulungile.

163 Unyaka wonke wagqitha. Kwaye into yokuqala uyazi, nanku kusiza u-Amram evela emsebenzini ngenye imini. Kwenzeka ntoni? Olona sana luhle kangaka, owu, wayesisithandwa esincinane, malunga *nobu* bude. Kwaye ke wamphakamisa, wamnikezela ku-Amram. Kwaye uyamanga, uyazi. Uyamthanda, yabona. Kwaye umama ebembambile. Owu, obunjani bona ubutyebi! Wathi, “Owu, ndiyoyika kakhulu, nangona kunjalo, uyazi. Olu sana luncinci, luyinto encinci elungileyo.”

164 Kwaye uyazi ntoni? IBhayibhile ithe yayilolona sana lwakhe lwaluhle olwakhe lwazalwa. Ngoku ndiyazi ukuba oomama abazukuvumelana nam kulonto. Uh-huh. Bacinga...Umama

wakho ebecinga ukuba ulelona usana luncinci luhle. Akunjalo? Ehe. Unelungelo lokuyicinga loo nto. Kodwa iBhayibhile ithe olu yayilusana oluhle oluncinane. Owu, wayelitye elinqabileyo. UThixo wayenezandla Zakhe phezu kwakhe, uyazi. Ngoko, owu, wayeyeyona nto incinci intle! Wayeya kulala apho, kwaye wa-wayeyakwenza usineko oluncinci, engenamazinyo.

165 Ubungenamntakwethu omncinci kunye nabo, abangayenza loo nto, xa engena—engenamazinyo, nje ukuncuma *ngolo* hlobo?

Kwaye into yokuqala uyazi, “Wah!”

“Owu, bethu, bethuna! Whew! Ndiyazi, masimfihle.”

“Yintoni ingxaki? Wenzani?”

166 “Mhlisele kwigumbi elingezantsi. Uyazi ukuba yintoni na umyalelo. Yabona, ukuba laa magqwirha amadala anempumlo ende anokudlula apha, ayakuthabatha usana lwethu alubulale. Injalo lo nto. Asikwazi ukuluyeka lukhale.” Ngoko, owu, lalifuna okuthile—lalifuna isidlo sakusasa okanye sangokuhlwa. Ke umama uluthathela ekoneni, aluncancise, uyazi. Kwaye ngoko wayelungile ngoko.

167 Ke ngobusuku obuliqela emva koko, babedlala nalo, kwaye, “Wah!” Wemka kwakhona, uyazi, laqalisa ukulila. Wemka ngokukhawuleza ngenene, wamfihla—wamfihla ngokukhawuleza ngolo hlobo. Kwaye kwigumbi elingezantsi, ezantsi phaya ngasemva, eludongeni, u-Amram wayelungise indawo encinane apho wayenokufihla khona usana.

168 Kwaye ngoko into yokuqala uyazi, beva into kwigumbi eliphezulu isithi...[UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] *Whew!* Umkile! Wonke umntu wachithachitheka kwindawo enye, wathi, “Ngabo abo. Ngalaa magqwirha madala, aneminwe emide, iinzipho eziqatyiweyo!” Namagqwirha amadala... Wajonga phantsi apho, waze wajonga efestileni, wathi, “Ewe, ngabo. Bame phaya.”

[UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] “Vula!”

169 U-Amram omdala waphuma, wavula ucango, wathi, “Nifuna ntoni?”

170 Bathi, “Unosana apha, kwaye siyayazi loo nto. Kwaye siza kuluthabatha.”

“Asinalusana lokuba sininike.” Abazange.

171 “Siyangena size sijonge, nakanjani na. Singabafazi abangamapolisa. Jonga iibheji zethu?” Kwaye oko a... Asiyonto yokuba umfazi abe yiyo? Kodwa, “Singabafazi abangamapolisa. Amalungelo ethu sawafumana kwabasemagunyeni!” Uyazi, sinawo apha ngoku. Kwaye ke—ngoko ke bayehlisa, bangene. Bangena baphethula isofa, bavula zonke iidrowa, balahla yonke into phantsi, bathabatha zonke iimpahla zebhedhi bazivuthulula.

Kwaye baya kwigumbi eliphezulu baze bafumana apho utata wayenendawo encinci efihlakeleyo. Bakhangela kuyo yonke indawo, kodwa abazange balufumane usana.

¹⁷² Abazange balufumane usana, ngoko bahamba baya kumfazi apho, usizi—usizi uYokebhede emi phaya, ubuso bakhe bumhlophe. Bahamba, bathi, “Jonga apha! Siyazi ukuba ungu—umama. Singaxela ngenkangeleko yakho. Siyazi ukuba ungumfazi owonasayo, kwaye siyalwazi olwa sana lulapha. Siza kubuya. Siza kulufumana!” Baphuma ngomnyango. Bambakraza ucango, baza baphuma bemka.

Wathi, “Owu, owu, yintoni esinokuyenza? Yintoni esinokuyenza?”

¹⁷³ Wathi ke u-Amram, “Thandaza.” Ingaba yinto yokwenziwa? [Amakhwenkwe namantombazana bathi, “Ewe.”—Mhl.] Ingaba yinto? “Thandaza! Masithandazeni.”

“Owu, Owu! Andazi ukuba yintoni—yintoni emandiyenza. Owu!”

¹⁷⁴ Ke wathi, “Ngoku, khangela, zola, kwaye hamba uyokuncancisa usana kwakhona. Ndinyukela kwigumbi eliphezulu ukuya kuthandaza.”

¹⁷⁵ Ngoko wanyukela kwigumbi eliphezulu waze wathandaza. Wathi, “Yehova, Uneendlebe. Yehova, Unamehlo. Yehova, Ungeva. Ungawuphendula umthandazo. Wasinika olu sana. Wasinika isithembiso Sakho. Kwaye Uyakusigcina isithembiso Sakho, kwaye Uyakulugcina olo sana. Kwaye ndiqinisekile!”

¹⁷⁶ Emva kokuthandaza, edinwa ngokwenene, wa—wasuka wawa *ngolu* hlobo walala. [UMzalwana uBranham ulinganisa ukurhona—Mhl.] Wayedinwe kakhulu! Wasebenza imini yonke, ethandaza ubusuku bonke. Wayediniwe. Kwaye uyazi ukuba kwenzeke ntoni? Walala, waphupha iphupha.

¹⁷⁷ Uyazi, uThixo uthetha emaphupheni, kanjalo, Akunjalo? Ngokuqinisekileyo, Uyayenza. Ewe, Uyayenza. Unakho. Yabona? Kwaye Uthetha emaphupheni.

¹⁷⁸ Owu, xana evukayo, wathi, [UMzalwana uBranham uqhwa kraza umnwe kube kanye—Mhl.] “Yiyo leyo! Bekufanele ukuba ndiyicingile loo nto. Yiloo nto endifanele ukuyenza.” [UMzalwana uBranham unqonkqoza kahlanu epulpitini.] “Andiyi kuthetha nto ngayo.”

Wehla ngezinyuko uyahamba. Wathi, “Yokebhede!”

“Ewe sithandwa? Owu, ndidinwe kakhulu. Andikwazi kulala.”

“Owu, hamba uyokulala. Hamba uyokulala. Idlulile.”

“Wazi njani?”

“Owu, ndiyazi nje. Ndiqinisekile nje!”

¹⁷⁹ Endaweni yokuba utata, ngobo busuku, anyukele kwigumbi eliphezulu ukuya kuthandaza, wehla waya kwigumbi elingaphantsi. Wayexakekile ezantsi phaya. Andazi ebesenza ntoni. Makhe sichwechwele ezantsi size simbone. Ndimbona ezantsi phaya, ehamba... [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela, angqishe ngelixa elinganisa ukwakhiwa kwento ethile—Mhl.] “Qhwa, qhwa, qhwa.” [UMzalwana uBranham uyangqumshela.] Thatha le ngcongolo, kwaye ayijongisise, ayijije kwaye abone ukuba ilungile na. [UMzalwana uBranham uyangqumshela.] U-Aron omncinane waphuma ngaloo mini, waqokelela umthwalo ogcwalise ngalo yazo, wazibeka phantsi kwigumbi elingaphantsi, uyazi. [UMzalwana uBranham uyangqumshela.] “UThixo uyakukhathalela.” [UMzalwana uBranham uyangqumshela.] “Inkolo yexesha lakudala, yonke ifanele ukuba yinyani!” [UMzalwana uBranham ubethelela into ethile.] Zibophe zijikelezwe.

Wathi, “Amram, kwenzeka ntoni ngawe?”

“Haleliya! Akukho nto, sithandwa. Qhubeleka.”

¹⁸⁰ [UMzalwana uBranham uyangqumshela—Mhl.] “Yinkolo yexesha lakudala.” [UMzalwana uBranham uyabetha kwakhona.] “Yinkolo yexesha lakudala.” Zisa oku *apha*, uyazi. “Yinkolo yexesha lakudala.” “Shhhhhhh,” tywina yonke into. “Kwaye ilungile ngokwaneleyo kum! Ndinike le indala...” Wayesenza into.

¹⁸¹ Uyazi, emva kweveki okanye ezimbini zidlule, into yokuqala uyazi, bamangala ukuba wayesenza ntoni.

¹⁸² Ngoko ngobunye ubusuku xa babelele bonke, wachwechwa waya kwigumbi eliphezulu waze wanyusa le nto incinane, uyazi. Wanyukela *ngolu* hlobo. Waze wayinyusa. Waphakamisa isigqubuthelo apho alele khona uYokebhede umfazi wakhe, waze wayiqhuseka phantsi kwesigqubuthelo. Kwaye u-Aron omncinci kunye—kunye noMiryam omncinane babelele, uyazi; owu, wayeyinto encinane elungileyo, laa ntombazana incinane yayiyiyo, wayekwanjalo no Aron omncinane. Ke, wayibeka phantsi apho. Wathi, “Yokebhede, sithandwa.”

¹⁸³ Wathi, “Ingaba ubukwigumbi elingaphantsi uthandaza ngeli xesha lobusuku, Amram?”

Wathi, “Hayi. Bendikwigumbi elingaphantsi, ndidumisa uThixo.”

Wathi, “Ubusenza ntoni?”

¹⁸⁴ Wathi, “Ndifuna ukukuxelela. Ngoku, uyawazi la magqwirha madala ayabuya.”

“Ewe.”

¹⁸⁵ “Kwaye ndifuna ukukuxelela into esiya kuyenza. Sibe nosana ngoku iinyanga ezintathu, kwaye kufuneka sohlukane nalo.”

“Owu, Amram! Kufuneka wenze ntoni?”

“Kufuneka sohlukane nosana.”

“Sohlukane nosana?”

“Ewe.”

“Owu, ukhohlakele!”

“Hayi, andinakhohlakalanga. Hayi, hayi, hayi. Ndiyayazi into endiyenzayo.”

¹⁸⁶ “Ingaba uthetha ukuthini? Ngoba, uyakuba mbi njengoFaro. Uzakulahla umntana wethu?”

“Ewe, siza kohlukana nosana.”

“Owu, asinako!”

¹⁸⁷ “Ngoku mamela. Ukuba siyalugcina, siya kuphulukana nalo. Kwaye ukuba silunika Lowo wasinikayo, Uyakulufumana.” Ingaba oko kulungile? “Ngoku, ukuba siyalugcina, siya kuphulukana nalo.”

“Uzakuphulukana njani nalo?”

“Ngoba, loo magqwirha madala ayakudlula aluthabathe.”

¹⁸⁸ Kwaye khangela, ukuba uyawugcina loo mphefumlo kwaye uqhubeke uphila njengehlabathi, uyakuphulukana nawo. Amagqwirha esihogweni asemva kwakho. Kwaye oko kunjalo. Bonke obu budenge budala behlabathi nezinto phandle phaya, busemva kwakho ngqo. Ukuba uyawugcina, uya kulahlekelwa nguwo; kodwa ukuba uwubuyisela kuLowo Wakunikayo, uya kuwufumana kwaye uwugcine. Yintoni ngoku? Ukuba siyayigcina, yintoni esiyenzayo? [Abantwana bathi, “Ulahlekelwe nguwo.”—Mhl.] Lahlekelwa nguwo. Ukuba siwunikela kuKristu, thina intoni? Wugcina. [“Wugcina.”] Amen! Injalo lo nto. Ngoku uphendule ngokufanelekileyo.

¹⁸⁹ Ngoku wathi, “Yokebhede, siya kuphulukana nalo ukuba siyalugcina. Ngoko ukuba silu—silubuyisela kuLowo Wasinika lona, ngoko siyakulugcina.”

¹⁹⁰ Ngoku unomphefumlo. Kwaye, tata nomama, niyafana. Kodwa ukuba uyawugcina, uya kulahlekelwa nguwo. Injalo lo nto. Amagqwirha esihogo aya kuwuthatha. Onke asemva kwawo! Kodwa ukuba uwubuyisela kuLowo Wakunikayo, uyakuwugcina eBomini obungunaphakade. Haleluya! Amen! Uxolo, bantwana, ndi—ndikwifashoni yakudala ngokwaneleyo ukuba ndikhwaze. Ukuba uyawugcina... Masiyithethe, sonke kunye: [Ibandla liyacengceleza kunye noMzalwana uBranham—Mhl.] “Ukuba uyawugcina, uya kulahlekelwa nguwo; ukuba uwubuyisela kuLowo Wakunikayo, uyakuwugcina.” Amen. Khumbula ngoku, umnike Yena.

¹⁹¹ Ngoku masijonge. Owu, waqalisa ukulila. Wathi, “Owu, uzakwenza ntoni ngalo?” Watsho.

“Jonga apha, ndifuna ukukubonisa into.”

“Yintoni onayo phantsi kwebhedi yam phaya?”

Wathi, “Makhe ndikubonise.” Waze wayikhupha.

“Owu, yingobozi encinci yengcongolo!”

¹⁹² Yinqanawa encinci, into eyiyo. Ayinamphini wokuqhuba, ayinaseyile, ayinazinkanunu kuyo, ukanti izakuthwala owona mthwalo uxabisekileyo owakhe wathwalwa ngenqanawe, ukuza kuthi ga ngelo xesha. Yive! Ayinakapteni okanye iqela labasebenzi enqanaweni. Mzalwana, ndazi iNqanawa yomntu omdala, enjeya, kananjalo!

¹⁹³ “Owu,” wathi, “Am- . . .mandiyijonge, Amram, makhe ndibone.” Uya ngapha.

¹⁹⁴ Wathi, “Jonga apha, inesiciko esincinci kuyo. Yabona?” Uthatha aphakamise isiciko esincinci.

Uthe, “Whew! Iyanuka! Uh! Whew! Bethu!”

Wathi, “Ewe, iyanuka.”

“Ngoba?”

¹⁹⁵ “Ndayigalela igcwele itela. Iqatywe yonke, yonke jikelele.” Iqatywe itela, uyazi, ngoko bayiqaba yonke jikelele. Oko koko wayekubilisa ezantsi apha, wakugalela phezu kwezi ngcongolo. Wayiqaba. Wathi, “Yabona, amanzi akanakungena kuwo ngoko. Yabona, itywinwe yonke indawo.” Waze wathi, “Kwaye awakwazi nje ukungena kuyo, amanzi akakwazi. Ndiyiqabile.”

Wathi, “Whew! Inuka kakubi!”

¹⁹⁶ Nina bantwana niyayazi ukuba yintoni itela, xana belungisa isitrato, “Owu, elo vumba libi!” Kodwa i-i-i-yona igcina i. . . I-ivala zonke iintanda zesitrato. Kwaye leya yindlela lena ekwenzayo, ivala onke amanzi.

¹⁹⁷ Kwaye nantso into eyenziwa ngumthandazo kwikholwa. Yiloo nto mihla le igcina ihlabathi ngaphandle kuwe, kuxa uziqaba emadolweni, uze uthi, “Nkosi Yesu!” Kwaye iGazi liyehla, lize Likutywine wonke ukuze umtyholi angakufumani. Yabona? Injalo lo nto. Yabona? Ke ngoko, owu, amaxesha amaninzi abantu bayajikeleza bathi kubi, kodwa, oko akwenzi namnye umahluko, ikugcina ukhuselekile. Yeyona nto iphambili, gcina ukhuselekile. Bathi, “Uyifashoni yakudala,” kodwa, oko akunamsebenzi, kukugcina ukhuselekile.

“Kulungile,” wathi, “sizakwenza ntoni?”

¹⁹⁸ “Konke kulungile,” wathi, “Ndiza kukuxelela into esiya kuyenza. Siza kuthatha usana, kwaye siza kuhlukana kancinci. Kwaye sizakuthabatha usana silubeke apha, silubeke ngaphandle kuMlambo iNayile.”

199 “Owu! Hayi! Hayi! Hayi! Amram, awukwazi ukukhuphela usana lwethu emlanjeni.”

200 “Ewe! Ewe! Ndiyayazi into endiyenzayo.” Yabona, wayenephupha, wayesazi ukuba makenze ntoni na. Yabona, uThixo wayemyalele. Wayeyazi into amakayenze. Wakha oku, waze wabona ukuba yayikwangumfuziselo womkhombe owasindisa uNowa phaya kudala ngexesha lakhe.

201 Ngoko wathi, “Jonga apha, ndinomngxuma omncinane kanye phezulu kuwo, ukuze akwazi ukuphefumla. Yabona, angafumana ukukhanya kwelanga phaya.”

202 Kwaye uyazi, umkhombe kwiBhayibhile eNdala, phaya kudala, wawenziwe kwangalo ndlela ikwanye. Kwaye wawunomngxuma kanye phezulu kuwo, ukuze ubenakho ukubona ngaphakathi, uyabona, nalapho kwakufuneka ajonge phezulu.

203 Ngoko ke olu sana lulusizi luncinane, lungenagama, lwalungenalo negama; usana oluncinci, olungenagama, ukanti olona sana luhle ehlabathini.

204 Ngobusuku obulandelayo, xa bangenayo, baze balinda kwada kwamalunga nentsimbi yesithathu kusasa, baze ke ngoko...Uyahamba. Uye wagqiba ukuthandaza. Waya ngaphaya, wathi, “Ngoku yiza, Yokebhede, vuka!”

205 Kwaye ke bamvusa u-Aron omncinane noMiriya omncinane. Owu, uyeza ngapha wabeka iingalo zakhe, wathi, “Tata!” Miriya omncinci, wathi, “Awuzukuthatha umntakwethu omncinci, usana, akunjalo, uze ulubeke kumlambo iNayile apho zikhoyo zonke ezo ngwenya zindala?”

206 Waza watyhalela iinwele zakhe ezincinci ngasemva ngolo hlobo. Kwaye yena...Wayenamehlo amahle, kunye neenwele ezintle ezincinci. Kwaye ngoko wamphuza ecaleni esidleleni. Wathi, “Sthandwa sam indivisa kabuhlungu, nam. Indivisa kabuhlungu, nam, kodwa kufuneka siyenze le nto.”

207 Uyabona, mantombazana amancinane namakhwenkwe, ngamanye amaxesha kufuneka senze izinto ezithi zisivise kabuhlungu, kodwa kufuneka sizenze, nakanjani na. Xa amantombazana esithi, “Hey, wakha wawutshaya umdiza?”

Uya kuthi, “Hayi.”

208 “Ke, zama enye! Owu, ndingumhlobo wakho, uyazi. Ehe, wuzame.”

209 Kodwa wena, inokuvisa kabuhlungwana kancinci, kodwa yithi, “Huh-uh. andiwufuni.” Yabona? Yabona? “Andiwufuni.”

Athi, “Ungeza, uye kumboniso kunye nam ngobu busuku?”

210 “Hayi hayi. Huh-uh. Andiyi kwimiboniso.” Yabona? Inokuba buhlungu kancinci. Yabona?

211 “Owu, ungowohlobo nje lakudala.” Musa ukuyikholelwa loo nto. Inokuba buhlungu kancinci. Jika nje intloko yakho kuyo; yinto elungileyo ukuyenza, uyabona. Hlala usenza oko, yenza into elungileyo. Konke kulungile.

212 Kwaye ngoku xana amantombazana efunda le nto yokudanisa iinzwane ezincinci ngolo hlobo, kwaye afuna ukuba uyenze; ubaxelele, “Hayi hayi.” Awuyenzi, yabona.

213 “Owu, ke, kumnandi kakhulu.” Awukhathali ukuba kumnandi kangakanani. Ufuna ukwenza okulungileyo, ngoko uhlala usenza okulungileyo. Ngoku, khumbula nje oko ngoku. Awuyi kuyilibala, akunjalo?

214 Ngoku, benza ntoni? Bathabatha usana oluncinane ngoku, banyukela apho. Kwaye u-Aron omncinane wenyuka, wathi, “Tata, uzalwenzani usana lwethu?”

215 Wathi, “Aron, hlala apha ethangeni lam, sthandwa.” Wathi, “Khangela, Aron. Ukuba siyalugcina usana, siza kuthini?” [Ibandla lithi, “Lahlekelwa lulo.”—Mhl.] “Lahlekelwa lulo. Kodwa ukuba sibuyisela usana ezandleni zaLowo usinikayo, siya kwenza ntoni?” [“Lugcina.”] “Siza kulugcina.” Injalo lo nto.

“Kodwa uzakuyenza njani, tata?”

216 “Andazi. Andazi ukuba izakwenziwa njani na, kodwa uThixo uyakuyenza.” Yabona?

217 Kwaye ke ngoko balubeka apho usana oluncinane, waze ke wahamba. Kwaye naba behamba ngoku, besiya emnyango. Behla baye emnyango, ujonge *ngale* ndlela ezantsi ngesitrato, *ngala* ndlela ezantsi ngesitrato. Akukho ndawo, akukho mntu uzayo. Wathi, “Yiza, Yokebhede. Yiza, Aron. Yiza, yiza, Miriyam. Masihambeni.”

218 Bathabatha umkhombe omncinane baye ezantsi kwiiflegi emlanjeni. Owu, lixesha elide ngaphambi kokuba kube semini. Kwaye naku esiza u-Aron omncinane, phaya emva ebambe uMiriam omncinane, umnakwe omncinane nodade, babelila. Kwaye uYokebhede olusizi omncinci, uyalandela, uthi, “sniff, sniff, sniff, sniff.”

“Sh-sh-sh-sh-sh! Bajonge esitratweni. Lumnka. Sh! Lumnka.” Ukuhla ngesitrato. “Sh-sh-sh! Lumnka.” Ukuphatha usana oluncinci. Kwaye umama wayephethe usana, kwaye—kwaye utata uphethe umkhombe.

219 Behla baye emlanjeni. Owu, ngumlambo omkhulu, owesibini ngobukhulu ehlabathini, malunga. Kwaye ke, ngoko, umlambo omkhulu, okhawulezayo, kwaye uzele nje iingwenya ezinkulu ezindala neengwenya. Owu, zazityebile. Whew! Babezondlile zonke ngabo bantwana bancinane. Zazityebile nje. Kwaye—kwaye wathi uYokebhede ku Amram indoda yakhe, wathi, “Owu, kungathekani ukuba iingwenya ziyayibamba? Kungathekani ukuba iingwenya ezilapha ziyayichukumisa?”

220 Wathi, “Sukubanexhala. Ukuba zithe zancamathisela impumlo yazo kuloo tela, ziyakuyakutsho kude, yabona. Naso isizathu sokuba inuke, yabona. Iyakuphakamisela impumlo yayo phezulu,” wathi, “yayingakwazi ukujoja inyama yomntu, ngoko iya kumka. Loo tela iya kunuka kakubi zide zibaleke. Kuya kulunga. Sukuba nexhala.” Ngoko bona. . . Kwaye phaya bawubeka phantsi, umkhombe omncinane. Waze wathi. . . “Ngoku ncancisa umntwana.”

221 Ngoko unina waluthabatha usana, waluncancisa, yaye uyaluncancisa usana lude lufumane isidlo salo sakusasa, kwakusasa kakhulu. Kwaye ngoko yena [UMzalwana uBranham wenza isandi sokuncamisa—Mhl.] aluncamise. Waze wathi, “Ngoku, Aron, ungaluphuza.” U-Aron uyaluphuza. Kwaye ke waluthabathele kuMiriya, aze aluphuze. Kwaye umama walwanga, kwaye, “Owu,” wathi, “Ndisuke nje. . .”

222 “Ngoku, sh-sh-sh! Ngoku mamelani, simelwe kukuba ngamajoni. Yabona? Sifanele sibe ngamajoni. Ngoku nonke nifuna ukuluphuza kwakhona?” Bonke baluphuza, baphinda, kwakhona. Emva koko balufaka apho.

223 Waze umama wenza ingubo encinci, wayibeka phaya, kunye nomqamelo omncinci. Wawubeka phaya. Wathi, “Sana lwam oluncinci oluthandekayo, uThixo akusikelele.”

“Sh-sh-sh! Ngoku, uThixo uyakuyihoya loo nto. Sukuba nexhala.”

224 Wavala isiciko esincinci phantsi. Kwaye into yokuqala uyazi, utata uqala ukukhulula idyasi yakhe, akhulule ihempe yakhe. Nanko ehamba, ehamba emanzini.

225 Ucinga ukuba kuqhubeka ntoni eZulwini, ngeli xesha? Haleluya! Uyazi, xa izinto ziqhubeka apha ezantsi, kukho into eqhubekayo Phaya phezulu, kananjalo. Amen! Ndiyambona uThixo ephakama kwiTrone Yakhe, ehamba, athi, “Gabhriyeli! Gabhriyeli! Uphi?”

UGabhriyeli uthi, “Ndikho, Nkosi.”

226 “Yiza apha! Ndiza kukubonisa into!” Wathi, “Nonke nina ziNgelosi yizani apha, umzuzu, ndifuna ukunibonisa into ethile. Ndinabo abantu abaNdikholelwayo. Ewe, Ndinabo abantu abaNdithembayo. Yizani apha, umzuzu! Ilungile kuni nonke ziNgelosi, jongani oku. Khangela!”

“Iphi?”

“Kanye phaya ezantsi. Jonga ngaphandle.”

“Ehe, ehe. Ehe, ndiyayibona.”

227 “Jonga phaya ezantsi. Bona umphetho wayo—wayo—wayo imikhanzi phaya, ezo flegi nezinto ezinjalo?”

“Ehe.”

“Yabona phaya!”

“Ingaba yintoni?”

228 “Kukho indoda ephakamise izandla zayo emoyeni, iguqe ngamadolo, ibiza Mna. Kukho umama olilayo, nabantwana ababini abancinci abalilayo. Bathembe Mna kude kube sekupheleni. Gabhriyeli, uyakhumbula xa wawungena? Uyayikhumbula laa ndoda?”

229 “Ewe, ndadibana nayo egumbini ngoba busuku ndaza ndathetha nayo. Uh-huh.”

230 “IsaNdithembile. Ndinabo abantu abaNdikholelwayo! Ndinabo abantu abaya kuNdithemba kude kube sekupheleni!” [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kathandathu epulpitini—Mhl.] “Uyambona? Mjonge.”

“Ewe, owu, asibobugorha obuya!”

231 Uyise uhamba emanzini, uqalisa ukutyhalela phandle umkhombe omncinane.

Ndiyamva esithi, “Gabhriyeli!”

“Ewe, Nkosi?”

232 “Biza ishumi lamawaka eeNgelosi kwindawo. Zinike imiyalelo yokumatsha ngoko nangoko. Biza imikhosi yeZulu iphume. Zithumele zonke zinyuke-zisehla, ngakwimijelo yeZulu, kwaye uzibeke zonke zinyuke-zisehla uMlambo iNayile. Ndiyalela ukuba akukho ngwenya iya kuwuphatha loo mthwalo! Akukho nto iya kuyichukumisa! Ungavumeli neqhekeza lekhuni lisondele kuyo.” Haleluya!

233 UGabhriyeli wathi, “Kuya kwenziwa oko.” Bethu! Wakhalisa ixilongo! Amawaka alishumi eNgelosi ayeza nesixhobo!

“Umqhubi wenqwelomoya. Uyakuba phi, Nkosi?”

234 “Ndiya kuba kwelinye icala lesiphelo.” Uhlala ekwisiphelo sokufumana. “Ndiza kulinda ezantsi kwelinye icala lesiphelo. Ndinenjongo. Xana abantu beya kundithemba Mna, Ndinento ethile, injongo; kuya kulunga ngabo.” Kulungile, Uyehlela kwelinye icala lesiphelo.

235 Ndibona uMoses...okanye u-Aron omncinane nabanye, benyuka ngesitrato, belila. “Sh-sh-sh-sh-sh! Yibukeleni.”

236 Kwaye uMiriya omncinane, usamile, ebucele. Wathi, “Owu! Owu!”

237 Wathi, “Yiza, Miriyam, kuya kuba semini. Yiza, imiqhagi iyakhala imini. Yiza, kuya kuba semini. Yiza, sthandwa, masihambe!”

238 Wathi, “Owu, tata, tata! Nceda, kube kanye. Mandime nje, mandiyibukele ndibone ukuba kwenzeka ntoni. Ndiya kubuyela ekhaya emva kwexesha.”

239 “Owu,” [UMzalwana uBranham uqhwa kraza umnwe wakhe—Mhl.] “licebo elihle elo, Miriyam. Isenokuba kulungile. Yima nje ukhangele ukuba kwenzeka ntoni na.”

“Kulungile, ndiza—ndizakuyibukela.”

240 “Ngoku, ukhawuleze ugoduke emva kwethuba. Ubone nje okwenzekayo. Kwaye uze, usiphathele iindaba, kuqhubeka ntoni.”

“Kulungile, tata.” Kwaye bemka, kwafuneka ukuba bakhawuleze.

241 UMiriyam omncinane, uyaphakama aze abukele. Into yokuqala uyazi, kuba mhlophe. “Owu, owu, owu, yintoni le izayo phaya? Si—sisiqobo. Hayi. Ingaba yingwenya leyo? Owu, yajika.”

242 Ha-ha! Yabona ntoni? Yabona into abantu abaninzi abangayiboniyo. Yabona? Loo mthwalo mncinane wawuhamba, udada unqumla apho. Babcinga ukuba ayinaye nawuphi na umqhubi; bacinga ukuba ayinaye nawuphi na ukapteni. Yeyinaye. Babehlanganisene ngeenxa zonke.

243 Nantsi ingwenya encinci isiza, yathi, “Owu, khangela phaya!” Nantsi isiza, idada *ngolo* hlobo. Iyahamba. . . Owu, hayi. Hayi, hayi. Ayinakwazi ukusondela kulaa mthwalo.

Apho kwakumi umkhululi, umhlanguli, izigidi ezithathu zamaYuda awayefuna ukukhululwa. [UMzalwana uBranham unqonkqoza kahlanu epulpitini—Mhl.] Zonke iidemon esihogweni zazingenako ukumchukumisa. Idada ezantsi, lo mkhombe mdala wetela, wehla ngomlambo.

244 Into yokuqala uyazi, ingena kumanzi abizelayo. “Owu!” UMiriyam wathi, “Owu! Owu! Jonga loo nto! Laa manzi abizelayo, yijonge! Yijonge ngolo hlobo!” Into yokuqala oyaziyo, konke ngaxeshanye ivele yaphuma.

245 Nantso indlela ehamba ngayo. Singena kumanzi abizelayo, ngamanye amaxesha, eli xolo lincinane. Sukubanexhala. Kukho Umntu ojongileyo. “Izithunywa zikaThixo zibangqongile abo baMoyikayo.” Wabanamawaka alishumi kuzo kuluhlu lwabamatshayo ngoku.

246 UMiriyam omncinane, uyehla, akhwele phezu kweli litye elikhulu, aze aqabele phezu kwalo *ngolu* hlobo. Aze abaleke ehle, ajonge umkhombe. Kwaye usehle uphumela *apha*, kwaye udlula kweli qela leeflegi. Emva kwexesha iyaxinga apho. Wathi, “Owu! Owu, ndiyamangala!”

247 (Ngoku, utata wakhe wamxelela, wathi, “Ngoku ungavumeli nabani na ukuba akubone ubukele loo nto. Ukuba kukho umntu ovelayo, yenza nje ngokungathi akujonganga nokujonga kuwo, vele uhambe ngenye indlela. Musa—musa ukwenza njengokuba ubukele konke konke, qhubeka nje uhamba.” “Konke kulungile,” watsho.)

248 Uyehla ngonxweme. Iyaxinga. Into yokuqala uyazi, kukho iqela elikhulu labalobi. Kwaye wenza nje ngathi yintombazana encinci eyehlayo. Ebudeni, ngentsimbi yeshumi emini ngoku, uyazi, ngoko wahamba wehla ngomlambo. Kwaye ugcina iliso lakhe lijonge ngasemva, ecaleni, libona apho uya khona.

249 Emva kwexesha udlula kwelinye iqela. Uqhubeka nje ejongile; aqhubeke umganyana. Uyaqhubeka, uhamba umganyana.

250 Emva kwexesha ufika kudonga olukhulu. “Owu, bethu, ungena emva kolu donga!” Yintoni anokuyenza? Akayazi ukuba makenze ntoni na. Ngoko akakwazi ukuphumela ngaphaya kodonga, ngoko uvele aphumele emanzini aze anyathele phezulu kwawo *ngolu* hlobo, aze arhubuluzhe ngaphezulu. Ufika ngaphaya, aze aqhubeke ehamba.

251 Into yokuqala oyaziyo, usemyezweni omhle. Iintyatyambo zidubula kuyo yonke indawo, kwaye zintle kakhulu. Ngoku mamela umzuzwana nje. Ngoku khangela, mantombazana amancinci. Iintyatyambo ezintle, kwaye, owu, imithi yonke ichetyiwe. Yayikhangeleka intle kakhulu! Ngumyezo. “Owu,” wathi, “khangela phaya, kokuya! Owu, bethu! Ndikumyezo webhotwe, kwibhotwe likaFaro, emyezweni. Ndizakwenza ntoni apha? Ukuba banokuze bandibambe apha, owu, bethu, bangandenza ntoni?”

252 Kwaye uyabukela. Nanko uhamba umkhombe omncinci, waze wangathi uyema phandle phaya emanzini, waze waqalisa ukudada ujikeleza, emanzini. Andazi kutheni. Kwaye uva umntu othethayo. Ubuya azimele phantsi kwamatyholo. Wahhala, wajonga phandle *ngolo* hlobo, uyazi, uMiriyam omncinane waqala ukukhangela, wayibona.

253 Into yokuqala uyazi, naku kufika amadoda amakhulu amnyama omeleleyo, efunqulele iphahla phezulu *ngolu* hlobo. Neempelesi zilandela, kwaye ziyacula. Kwaye nanko umfazi esiza, kwaye unebhanti enkulu yegolide entloko yakhe, elinenyoka enkulu evule umlomo (*ngolo* hlobo) phambi kwalo. Kwaye ungfuzi obukekayo, kwaye uyehla. Unxibe iimpahla ezintle ngenene, nezinto. Kwaye ndiva omnye wamantombazana esithi, “Mhlonipheki, ucinga ukuba amanzi azakubashushu ngale ntsasa?”

254 UMiriyam wathi, “Mhlonipheki? Owu, kufanele ukuba bubukhosi, ngoko kufanele ndisemyezweni. Kwaye ukuba bangandibamba apha bazakundenza ntoni?”

255 Kulungile, uyehla, kwaye la madoda amakhulu amnyama athwale ipali *ngolu* hlobo, ehla esiya emphethweni wamanzi *ngolo* hlobo, waze wakhulula izihlangu zakhe. Omnye umkhonzazana wayenetawuli, abanye benesepha. Kwaye wayesihla esiya kuhlamba kusasa. Ke uyehlela phaya kwaye uqalisa u—ukulungiselela ukuhlamba. Ukhulula izihlangu

zakhe. Wathi, “Ndiza kufaka iinzwane zam emanzini kwaye ndibone ukuba sele eshushu na. Owu, amnandi kakhulu, nje. . . Yintoni leyo phandle phaya?”

256 “Owu!” uMiriya, uMiriya omncinci wathi, “Owu! Uh-oh, sele ewuhlolile laa mkhombe.”

“Owu,” wathi, “ingaba leya yingwenya?”

257 Omnye waloo madoda makhulu omeleleyo wathi, “Umzuzu nje, ndiza kufumanisa.” Phaxa, phaxa, phaxa, ukuhamba emanzini. Wayichola *ngolu* hlobo, waze wangena. Wathi “Mhlonipheki!” Yinike isicakakazi. Kwaye umkhonzazana uyayithatha ayinike *ngolo* hlobo, waze wayibeka phantsi.

258 Wathi, “Ingaba yintoni? Whew, iyanuka! Inetela kuyo yonke indawo. Jonga apha, inomngxuma kumphezulu wayo.”

259 Wathi uMiriya, “Owu! Owu, nanko esimka umntakwethu omncinane! Nanko esimka umntakwethu omncinci!”

260 Kwaye ke bayivula *ngolu* hlobo. “Owu, yayilusana!” Kwaye yaqala. . . Olona sana luncinci luhle emhlabeni! Kwaye, owu, uThixo Onokubangela intiyo, unokubangela uthando; nalo lonke uthando Anokuthi alubeke entliziyweni yomntu, umama womntwana, Walubeka entliziyweni yaloo ntombazana. Kwaye ya—yathi, “Yenye yamaHeb-. . . Ndiyazi ukuba yintoni na. Ngulatata wam ugulayo! Ukhohlakele kakhulu! Wabiza bonke abo bantwana bancinane bamaHebhere ukuba babulawe. Kwaye omnye wabo mama usandula ukululahla ngaphandle usana lwabo, belindele ukuba luwele naphi na apho lunokuthi lube khona. Owu, ukhohlakele! Ke, akasayi kulibulala olu, kuba lo ngowam.” Uh-huh, yabona ukuba uThixo wenza njani?

261 Wamphakamisa, kwaye [UMzalwana uBranham wenza isandi sokuphuza—Mhl.] uyamphuza. Lwaze lwakhala usana. Kwaye xana lwakhalayo, yafudumeza nje intliziyo yakhe. Wathi, “Usizi lwento encinci.” Wathi, “Ndizomthatha ndizakumbiza. . . Ndiza kumnika igama.” Kwaye kulapho wafumana igama lakhe.

262 Yayingubani igama lakhe? [Ibandla lithi, “UMoses.”—Mhl.] Moses. Kwaye uMoses uthetha “ukhutshwe emanzini.” Yabona?

263 Wathi, “Ngoku ndiza kulubiza ngokuba nguMoses, kwaye uyakuba lusana lwam. Ndiza kulugcina. Kodwa ngoku,” wathi, “kodwa ndingumkhonzana, andikwazi ukumncancisa. A—a—andinayo indlela yokumondla.” Babengenazo ezi bhotile kunye nezinto ngoko. Abafazi babengatshayi midiza kwaye njengoko besenza ngoku, uyabona, kwaye bazityhefe. Wathi, “Ke, ukuba uyazi a. . .” Wathi, “Ndizakwenza ntoni—ntoni?” Ke wathi, “Ndi. . .”

264 Omnye wabo wathi, “Ndiza kukuxelela, mhlonipheki, ndiza kufumana umonasi oncancisayo wosana lwakho.”

“Owu,” wathi, “oko kuhle kakhulu.” Omncinci. . .

²⁶⁵ Into ethile yathetha, iNgelosi imi apho etyholweni, yathi, “Miriyam, nalo ithuba lakho! Nalo ithuba lakho!” UMiriyam omncinane wabaleka waphuma. Wathi, “Ungathethi nto ngoku, ungayeki. Phuma uze uthi ‘uyakufumana umonasi,’ kwaye hambe uye kulanda umama wakho.”

Kulungile, ngoko wayithetha loo nto. Wathi, “Mhlonipheki!”

²⁶⁶ Ngoku, ngokuqhelekileyo, wayenokuthi, “Yintoni le uyenzayo apha?” Kodwa, yabona, uThixo wayeyigubungele yonke loo nto. Ngoba? Wayeneshumi lamawaka eeNgelosi zimatsha. Yabona? Inkqubo Yakhe iza kusebenza. Wayeneshumi lamawaka eeNgelosi zimi apho.

²⁶⁷ Ke into yokuqala oyaziyo, wathi, “Eyakho. . .”

Wathi, “Ewe, sithandwa, yintoni le uyenzayo apha?”

²⁶⁸ Wathi, “Ndisandukubona wena nosana.” Wathi, “Ndiyazi apho kukho umama olungileyo oyakugcinela usana lwakho.”

²⁶⁹ Wathi, “Hamba, mfumane, kwaye umxelele ukuba ndiyakumnika amakhulu amathathu eedola ngeveki ukuba anakekele olu sana, kwaye ndiya kumnika uluhlu olupheleleyo lwamagumbi ngaphaya ebhotwe. Kwaye ukuba uyazi apho kukho umfazi ongumHebhere, owanyisayo, onokuncancisa olu sana, lusana lwam olu.”

Wathi, “Ewe, mhlonipheki, ndiza kukufumanela omnye.”

²⁷⁰ Wathi, “Ngoku, linda umzuzu! Ngaphambi kokuba ungene kwinqaba, kuya kufuneka ube negama lokugqitha. Yabona, awuyazi igama lokugqitha. Suku ngalunye sinagama lokugqitha. Ngoku, igama lokugqitha namhlanje, uyazi ukuba yayiyintoni? ‘Ifolokhwe yokubutha ingca kunye nomthwalo wengca.’” Wathi, “Yiloo nto omele uyithethe ukuze udlule ngesango.”

²⁷¹ Ke uMiriyam omncinane unyalasa esehla ukugoduka, ngamandla kangangoko enokuhamba, aze atsibe ngaphaya kodonga, esihla ngesitrato, kwaye ezantsi *ngale* ndlela, nasezantsi *ngale* ndlela, kwaye ngamandla kangangoko enokuhamba. Ubaleka angene endlwini.

²⁷² Kwaye—kwaye u-Amram wayesandula ukufika ekhaya, noYokebhede. Kwaye, owu, babedakumbile, bezibuza ukuba kuqhubeka ntoni na. Wathi, “Usizi losana lwam! Usizi losana lwam!” Yena. . .

²⁷³ Wathi, “Ngoku mamela nje.” Wathi, “Ndisandula kufika kumzuzwana odlulileyo phaya ezantsi esitratweni, kwaye laa mama ulusizi uye wagcina wonke umntu imini yonke. Beze kanye apha ebumelwaneni ngale ntsasa, kwaye batyumze intloko yosana lonke olwalulapho ebumelwaneni.” Waze wathi, “Indlela ababekhala yaye belila ngayo! Ngoku, andazi, usana lwakho, naphi na apho lukhoyo. Apho lukhoyo usana lwethu, uThixo uya kulugcina.”

274 Kanye ngelo xesha into yathi...[UMzalwana uBranham unkqonkqoza kane epulpitini—Mhl.] “Owu! Owu! Nabo, besemnyango ngoku.” Ke, bahamba, bakhangela. Hayi, yayingeyiyo. YayinguMiriya.

275 Wathi, “Owu! Owu, Miriyam! Ngena, sthandwa! Kwenzeke ntoni kwisana?”

Wathi, “Mama, ndilambe kakhulu.”

Wathi, “Kodwa kwenzeke ntoni elusaneni?”

276 Wathi, “Ndifa yindlala, mama.” Wathi, “Owu, mayibongwe iNkosi! Haleluya! Ndifa yindlala, mama.”

Wathi, “Kodwa kwenzeke ntoni elusaneni?”

277 Wathi, “Mama, ndilambile kangangokuba ndingatya yonke into endlini.”

278 Wathi, “Siza kukunika into yokutya, kodwa kwenzeke ntoni elusaneni?” [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kathathu epulpitini—Mhl.]

279 Wathi, “Owu, usana luphilile, mama. Ndiphe ukutya. Owu, ndonwabe kakhulu!”

“Kodwa kwenzeke ntoni kulo?”

280 “Ewe, ndinike into etyiwayo, ndifile yindlala.” Unokuyithelekelela loo nto?

281 Wathi, “Miriya! Lona ngumama notata wakho. Luphi usana?” [UMzalwana uBranham wankqonkqoza kathathu epulpitini—Mhl.]

282 Wathi, “Mama ndikuxelele. Usana, ndilubonile, kwaye luphilile. Ngoku, mama, ndiphathele into etyiwayo; Ndilambile. Uyazi, ndi—ndiyafa yindlala.” Njengokuba unjalo xa ubuya esikolweni, uyazi; owu, kufuneka nje ufumane into.

Ke, waya kumthathela isandwitshi. Wathi, “Ngoku ndixelele.”

283 Kwaye wathi, “Yum, yum, yum,” ukutya, uyazi, ngokufana. Wathi, “Mama?”

Wathi, “Ewe, kodwa kwenzeke ntoni elusaneni?”

284 “Ngoba,” wathi, “mama . . .” Wambalisela ibali. Waze wathi, “Mama, hamba uye kufumana ezona mpahla zakho zintle, upakishe ityesi yakho, kuba uza kuhoya usana.” Owu! Owu! Owu!

“Intoni?”

285 Ukuba uyayilahla, uya kuyifumana kwakhona. Ingaba oko kunjalo? Ukuba uyayigcina, uya kulahlekelwa yiyo. Ukuba uyayinika, uyilahle, uya kuyifumana. Ingaba oko kunjalo?

286 Kwaye uMiriya omncinane wayesitya nje. Wathi, “Ewe.” Wathi, “Uya ebhotwe namhlanje. Kwaye hayi kuphela oko,

kodwa uza, unikwe, unikwe amakhulu amathathu eedola ngeveki, kunye namagumbi angcono esizweni, ukuba unakekele usana lwakho.”

²⁸⁷ Ityeli lokuqala kwimbali yehlabathi apho umama wakha wahlawulwa ukuze ancancise usana lwakhe. Yabona indlela uThixo ayenza ngayo? [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kathathu—Mhl.] Haleluya! Okonga usana lwakhe, kwaye afumane amakhulu amathathu eedola ngeveki ngalo, kunye nawona magumbi abalaseleyo elizweni. UThixo uyazenza izinto, Akazenzi? Ingaba kuyahlawula ukuthandaza? [Ibandla lithi, “Ewe.”] Ingaba kulungile ukuthandaza? [“Amen.”]

²⁸⁸ Ke, walungisa ityesi yakhe encinane. Siza kukhawuleza ngoku, siza kuvala nje emzuzwini. Ke si. . . Walungisa ityesi yakhe, waza wehla ngendlela wahamba, ngamandla kanye njengoko wayenokuhamba. Kwaye into yokuqala uyazi, uyeza; umlindi omkhulu omdala emi apho nomkhonto wakhe omkhulu, wathi, “Ngubani oya apho?”

Wathi, “Ifolokhwe yokubutha ingca kunye nomthwalo wengca.”

“Gqitha.” Yabona indlela uThixo azenza ngayo izinto?

²⁸⁹ Waya kumlindi olandelayo. Warhola apho ikrele lakhe, wathi, “Ungubani? Ngubani oya apho?”

Wathi, “Ifolokhwe yokubutha ingca kunye nomthwalo wengca.”

Wathi, “Gqitha.” Bethu! Yabona indlela uThixo azenza ngayo izinto?

²⁹⁰ Nyuka, hamba wajonga ebhotwe; waqalisa ukwenyuka, kwaye bonke abasebukhosini bayaphuma, bakhuphe amakrele abo. “Ngubani oya apho?”

Wathi, “Ifolokhwe yokubutha ingca kunye nomthwalo wengca.”

“Dlula ungene.”

²⁹¹ Into yokuqala uyazi, indoda yaphuma, yathi, “Ingaba ulinenekazi elincinane alilindileyo umhlonipheki?”

“Ewe.”

²⁹² “Kwaye ingaba lona ngumdlezana wosana olufunyenweyo ekuseni?”

“Ewe.”

²⁹³ Wathi, “Ewe, mngenise.” Ngoko ungenisa usana. . . okanye angenisa umama.

²⁹⁴ Kwaye—kwaye i—inkosazana encinci yaphuma, yaze yathi, “Ingaba ikhona nantoni oyaziyo ngeentsana?”

Wathi, “Ewe, mhlonipheki.”

Wathi, “Jonga kolu sana. Ingaba akakho mhle?”

“Ewe, mhlonipheki. Ewe.”

Wathi, “Ingaba uyayazi indlela yokonasa usana?”

“Ewe, mhlonipheki. Ngokuqinisekileyo.”

²⁹⁵ “Kulungile,” bathi, “Ndiza kukunika, umvuzo wakho, amakhulu amathathu eedola ngeveki.” Hum! Ingaba uThixo wayengalunganga? Kwaye wathi, “Kwaye unamagumbi awona angcono ebhotwe, kwaye izidlo zakho ziya kuthunyelwa kuwe. Akuyi kufuneka uphume kwaye upheke ukutya kwakho.” Wathi, “Ngoku, nalu usana, lumka. Ungaluwisi.”

“Owu, ungakhathazeki, andiyi. Ungakhathazeki, andizukuluwisa.”

“Ulunyamekele ngcono kakhulu.”

²⁹⁶ “Ungakhathazeki, ndiza kwenza njalo. Liya kuba nokhathalelo olungcono kakhulu.” Ngokuqinisekileyo, yayilolwakhe, yabona. “Ndiza kulunika olona khathalelo lungcono kakhulu.”

“Uyabona ukuba lusana oluhle?”

“Luhle kakhulu,” wathi.

“Konke kulungile.”

²⁹⁷ Lwavalwa ucango, kuMiriya, nonina, noMoses omncinane. Kwaye xana ucango, lwalwayo, wajonga macala onke. Waze wathi, “Tsk-tsk-tsk! Kwaye wayecinga ukuba ubulusana lwakhe. Ha-ha-ha-ha-ha!” Owu, bethu! Waluphulula.

²⁹⁸ Yintoni awayeyenzile? Yena... Ukuba wayelugcinile, wayeya kwenza ntoni? [Ibandla lithi, “Lahlekelwa.”—Mhl.] Kuba, walubuyisela kuLowo Walunika kuye, kwaye yena (intoni?) walufumana, kwaye unokulugcina. Ngoku kwenzeka ntoni xa silahlekelwa... Ukuba sigcina umphefumlo wethu, kwenzeka ntoni? [“Siya kuphulukana nawo.”] Siya kuphulukana nayo. Kwaye ukuba siwubuyisela kuLowo Wasinikayo, kuya kwenzeka ntoni? [“Siza kuwugcina.”] Siza kuwugcina. Ingaba oko kulungile?

²⁹⁹ Bangaphi kuni nonke abangathanda ukuza ngasesiguqweni bathandaze? Ingaba ungathanda ukuyenza? Ungathanda ukuba uYesu akunakekele njengoko Wenzayo kubo, usana oluncinane? Njani... Masithi sonke, bantwana abancinane, sihlanganisane esiguqweni apha ngoku. Ingaba niyakuyenza? Yiza kanye ngapha, uguqe ngasesiguqweni. Masithandaze, sonke. Bonke abantwana abancinci ngoku nyukelani apha. Ingaba nilithandile ibali lam ngalento? [Ibandla lithi, “Ewe.”—Mhl.] Nikuthandile oko? Kulungile, ngoku yizani phezulu apha esiguqweni. Yizani ngoku. Nonke nina bantwana bancinane yizani, niguqe kanye ngasesiguqweni, vele uguqe phantsi kanye apho—kanye apho esiguqweni. Nantso ke. Nonke nina bancinci basemva, yizani apha ngoku, siza kuthandaza. Konke kulungile. Ufuna

ukunyuka uthandaze. Nyukela uze uguqe ngasesiguqweni. Ilungile lo nto. Ngoku, oko kulungile. Kulungile nje oko.

³⁰⁰ Ngoku, omama, nifuna ukuza, nani, notata, nonke nifuna ukuguqa epasejini?

³⁰¹ Ngoku ndifuna ukunibuza nina bantwana abancinci into ethile apha. Jonga. Ingaba niyakholelwa ukuba uYesu uyanithanda njengokuba Wenzayo kuMoses? Niyakholwa ukuba iiNgelosi zinjongile ngolu hlobo? Ngoku, uThixo waninika umphefumlo, Akaninikanga? Ngoku, ukuba uyawugcina umphefumlo wakho, kuya kwenzeka ntoni kuwo? [Abantwana bathi, “Ulahlekelwa nguwo.”—Mhl.] uzakulahlekelwa nguwo. Kodwa ukuba uwubuyisela kuYesu ngale ntsasa, ngoko uzakuthini? [“Wugcina.”] Uza—uzakuwugcina. Ufuna ukugcina. Ngoku ufuna ukuwusindisa umphefumlo wakho, akunjalo? Kwaye nifuna ukukhula nibe ngoomama bokwenene namanenekazi okwenene, akunjalo; nendoda yokwenyani, abashumayeli, nanjalo njalo? Ingaba anifuna ukwenza loo nto? Ngoku, ukuba niyenza njalo, ngoko uwunikela umphefumlo wakho kuYesu. Nantsi indlela oyenza ngayo. Uthi, “Yesu Othandekayo, oku kuphela endifanele ukuKunika kona, ngumphefumlo wam, kodwa Wena ndijonge njengoko Wenzayo kuMoses.”

³⁰² Ngoku, ukuba abanye benu badala bafuna ukuza kuguqa, nabo, abanye benu bomama, mhlawumbi, okokuba ufune ukuguqa apha kusasanje. Ke, ivulekile kuwe, nawe. Ukuba uyathanda, yiza, uguqe kanye apha. Ilungile. Nanku umama esiza nenkwenkwe yakhe encinci. Ingaba omnye umntu?

³⁰³ Utata, tata, nabani na kuni, ukuba ufuna ukuba yindoda ethandazayo njengokuba wayenjalo u-Amram, yiza, uguqe, nawe.

³⁰⁴ Mama, ukuba ufuna ukufana noYokebhede, ngoba, yiza kanye, uguqe, nawe.

³⁰⁵ Ngokuqinisekileyo, yeyomntu wonke. Kuba (Yintoni?) unomphefumlo, nawe. Ukuba uyawugcina, kuya kwenzeka ntoni? [Ibandla lithi, “Wolahlekelwa nguwo.”—Mhl.] Wolahlekelwa nguwo. Kwaye ukuba uthe wawubuyisela kuLowo Wakunikayo, kuya kwenzeka ntoni na? [“Wugcina.”] Uya kuwusindisa, kuBomi obungunaphakade. Ilungile lo nto. Ngoku, anisayi kuhlanguanisana, nonke nina abayakuyenza ngoku, kwaye masibe nomthandazo naba bancinane, kunye nathi, nabo bonke ngoku.

³⁰⁶ Usuku loMama, usuku oluhle. Kwaye mhlawumbi ngokuhlwanje, ndingawutshintsha umxholo wam ndiqhubele phambili ngokuhlwanje ndichaze into eyenziwa ngulaa mama, indlela awenza ngayo laa mama. Nguye owafundisa inkwenkwana yakhe encinci ukuba ikhokele wonke uSirayeli ukuya kwilizwe ledinga. Owu, ebengumama wenene.

Wayengenguye umama wokwenene? [Abantwana bathi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku, unomama wenene, kananjalo, kwaye umama uyakuthandazela. Ebengutata wokwenene. Kwaye utata uyanithandazela. Kwaye ngoku sizakuthandaza sonke kunye, kwaye sicele uYesu asincede.

Mzalwana Neville, ungaza, uguqe kunye nathi?

³⁰⁷ Kwaye masithobe iintloko zethu sonke, kuyo yonke indawo. Ngoku Dade uGertie... [Umdlali wepiyano uqalisa ukudlala *Baziseni Bona Ngaphakathi*—Mhl.]

³⁰⁸ Bawo waseZulwini othandekayo, eli bali lincinane, lilula namhlanje, malunga neentsuku ezinde ezadlulayo, apho utata nomama wenene, ikholwa lenene, beza kuWe baze baKunqula. Bakukholelwa. Kwabakho imbandezelo elizweni ngelo xesha. Kwaye sazi njani ukuba akukho Moses omncinane wale mihla uguqileyo apha kusanje! Sazi njani ukuba akukho Miriyam mncinane wale mihla uguqe apha kusanje, kananjalo, umprofetikazi!

³⁰⁹ Owu Bawo Othandekayo, aba bantwana bancinci bayaKuthanda, kwaye bayeza, baguqe emnqamlezweni, beqonda ukuba banomphefumlo omelwe kukusindiswa, kwaye bawunikela kuWe ngoku. Kuba sisandula ukufunda eLizwini Lakho, “Ukuba nithe nalahlekelwa nguwo, nowufumana; kwaye ukuba niyawugcina, niya kulahlekelwa nguwo.” Kwaye, Bawo, abafuni kuwugcina kubo umphefumlo wabo. Abafuni ukuphila kubo. Bafuna ukunikela ngomphefumlo wabo kuWe, ukuze, ngokuwunikela, bayakufumana uBomi obunguNaphakade. Siphe, siphe oko, Nkosi.

³¹⁰ Sikelela onke la makhwenkwe namantombazana mancinci ajikeleze isiguqo. Sikelela oomama nootata abalapha kusanje. Owu, yanga ubabalo Lwakho lothando nenceba zingaba phezu kwabo bonke. Sixolele, Nkosi, ngazo zonke izono nokusilela kwethu. Thatha ukugula phakathi kwethu.

³¹¹ Thumela iiNgelosi! Haleluya! Thixo, Wena Wamwiselayo uGabhriyeli, kwaze kwaphuma amawaka alishumi ezithunywa zezulu, zingaphi ezinye iiNgelosi ezifikileyo xana zibona aba bantwana balusizi beguqa kwesi siguqo ngale ntsasa! macala onke, kwesi siguqo nakweli bandla, kumi iiNgelosi zikaThixo. INgelosi eshicilelayo ilapha, ibhala amagama abo eNcwadini. Balahlekelwa ngumphefumlo wabo, ukuze bawufumane kuKristu! Siphe oko, Nkosi.

³¹² Kwanga, ukusukela ngalo mhla, ukubheka phambili, ubomi babo obuncinci bungamnandi kwaye buthobeke. Banga bangaba ngabantwana abathobelayo kubazali babo nakuBawo wabo oseZulwini, kude kube yimini othi Wena ubabizela eKhaya. Bakhokelelele kwixolo labo elincinane, ukuhla ukutyhubela onke amanzi abizelayo. Ngalo lonke ixesha lixinga ematyhloveni, zanga iiNgelosi zikaThixo zingalithalela

kude liye kumsinga oqukuqelayo wothando lukaThixo. Siphe oko, Nkosi. Kwaye ekupheleni kwendlela, banga bangafumana iKhaya elinothando, nonina nezithandane zabo apho eZulwini, apho uThixo emi esangweni ukuba amkele, ngaloo mini. Siphe oko, Bawo.

³¹³ Usixolele zonke izono zethu nezigqitho. Kwaye usincele ukusukela kule mini ukuba sibe ngaBakho ngokupheleleyo. Sibanikela aba bantwana bancinane ezandleni Zakho ngoku. Kwaye aba mama bakunye nabo, Nkosi, ukuba bayakuba luhlobo olulungileyo loomama ngolu Suku lukaMama, eli xesha lesikhumbuzo elinikwe oomama. Kwaye banga, ukusukela namhlanje, bangaba ngoomama abangcono. Ngamana abantwana bangaba ngabantwana abangcono. Sanga sonke singabangcono, Nkosi, kwaye siKukhonze ngokukhulu. Siphe oko, Bawo, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ngoku makhe sicule ikhorasi encinci.

³¹⁴ Uyakholwa ukuba uYesu ukusindisile? Uyafuna ukuba uYesu akugcine ngoku, ngelixa umile? Phakamisela isandla sakho kuYe, *ngolu* hlobo ngoku. Ndifuna ujike uye kutata nomama, nabo bonke. Jikani *ngale* ndlela. Ngoku jongani apha, mama notata. Nonke nina mantombazana namakhwenkwe amancinci yimani ngeenyawo. Ngoku, bangaphi abamamkelayo uYesu njengoMsindisi wenu, kwaye niyakuthembela kuYesu ukusukela ngoku ukuya phambili, ukukukhathalela njengokuba Wenza kuMoses omncinane, masibone izandla zenu zihamba. Ngamnye kuni. Kulungile oko! Ngoku kwenzeka ntoni? Ukuba ugcina umphefumlo wakho, wena yintoni? [Ibandla lithi, “Wolahlekelwa nguwo.”—Mhl.] Wolahlekelwa nguwo. Kodwa ukuba uwunika uYesu, kuya kwenzeka ntoni? [“Wowugcina.”] Uza kuwugcina. Ngoku, kungathini ukuba uYesu ukufumene ngoku kusanje? Kwaye ungokaYesu ngoku, akunjalo? Uyinkwenkwe nentombazana encinane kaYesu.

³¹⁵ Jonga kwaba bafo bancinci beme apha belila. Ndixelele uThixo akayazi lonto? Amen. Amadoda nabafazi bangomso! Yimani.

Baziseni ngaphakathi besuka emasimini
esono;

Baziseni ngaphakathi, baziseni ngaphakathi,
Zisa abancinane kuYesu.

Owu, Indlela Endimthanda ngayo uYesu, ngoku yiza!

Owu,

Nonke.

. . . ndimthanda ngayo uYesu,

Phakamisani izandla zethu ngoku.

Owu, indlela endimthanda ngayo uYesu,
Owu, indlela endimthanda ngayo uYesu,

Ngokuba Wandithanda kuqala.

³¹⁶ Ingaba akukho kuhle oko? *Ngoku, uYesu Uyabathanda Abantwana Abancinane Behlabathi*. Siphe isanduleli sandi, dade. Ngoku nonke jikelani ngapha ngale ndlela, nize kum, nina mantombazana amancinci. Ndifuna ukucula *uYesu Uyabathanda Abantwana Abancinci Behlabathi*. Bangaphi abayaziyo? Kulungile, masicule ngoku.

UYesu uyabathanda abantwana abancinci,
Bonke abantwana behlabathi;
Bomvu, mthubi, mnyama, mhlophe,
baxabisekile emehlweni Akhe,
UYesu uyabathanda abantwana abancinane
behlabathi.

³¹⁷ Ngoku, nonke nise mkhosini ngoku. Ubuyazi lonto? Uyazi ukuba use mkhosini kaThixo? Ngoku, jongani kum kanye ngoku. Kwaye nicule oku kunye nam ngoku, kuba ningamajoni ngoku. Ingaba niyayazi loo nto? Amajoni omnqamlezo! Ngoku, *Ndisenokungaze Ndimatshe*. . . Uyayazi leyo? Konke kulungile. Konke kulungile, kudala kwixesha elidlulileyo, elidala iculo lesikolo seCawe endalifundayo.

Ndisenokungaze . . .

Ngoku wena, kunye nam ngoku. [UMzalwana uBranham wenza intshukumo ngelixa ecula *Ndisemkhosini WeNkosi—Mhl.*]

Ndisenokungaze ndimatshe emkhosini
ohamba ngeenyawo,
Ndiphalise emahasheni, ndidubule inkanunu;
Ndisenokungaze ndibhabhe phezu kotshaba,
Kodwa ndisemkhosini weNkosi.
Ndisemkhosini weNkosi,
Owu, ndisemkhosini weNkosi!

Yiza nam ngoku. Konke kunye ngoku. Ngoku!

Ndisenokungaze ndimatshe emkhosini
ohamba ngeenyawo,
Ndiphalise emahasheni, ndidubule inkanunu;
Ndisenokungaze ndibhabhe phezu kotshaba,
Kodwa ndisemkhosini weNkosi.

³¹⁸ Uyakholwa ukuba ungakucula oko ngokwakho? Yiza apha, ntwazana, yiza kanye apha. Ngoku ndifuna ukuba nonke nihambe ngale ndlela ndiyenzayo. Yiza ngapha, emva kwesiguqo apha, ngoku. Yiza kanye phezu apha. Nonke kuni, nyukelani kanye apho ndikhoyo, yabona. Nyukelani apha; akukho mntu uhlala ngaphandle esiguqweni. Yizani kanye apha phezu kunye nam. Yiyo leyo. Kakuhle. Kunjalo *ngolu* hlobo. Ngoku jikani *ngolu* hlobo, jongani kwaba baphulaphuli, *ngolu hlobo*. Yiyo leyo. Ndifuna ukunibonisa into amakhwenkwe amahle namantombazana ayenzayo emva kokuba bemazi uYesu. Ngoku,

buyelani kanye apha, makhwenkwe namantombazana. Ngoku ni . . . Yiyo leyo. Ngoku bona phaya.

³¹⁹ Ngoku xa ndisithi, “Ndisenokungaze ndimatshe ndiye emkhosini,” wena . . . “matsha kumkhosi ohamba ngeenyawo,” matsha, nawe. Xa ndisithi, “Ndisenokungaze ndikhwele kumkhosi wamahashe,” nawe wenza kwa ezo zinto ndizenzayo mna. Ngoku rhoxa kude kum, emva phaya ngoku, wenze indawo. Ngasemva kakhulu, ngasemva kakhulu, ngoku ulungile. Ngoku yiza, masiyicile. [UMzalwana uBranham nabantwana benza iintshukumo ngelixa becula—Mhl.]

Ndisenokungaze ndimatshe emkhosini
ohamba ngeenyawo, (Jonga!)
Ndiphalise emahasheni, ndidubule inkanunu;
Ndisenokungaze ndibhabhe phezu kotshaba,
Kodwa ndisemkhosini weNkosi.

Owu, ndisemkhosini weNkosi,
Ndisemkhosini weNkosi! (Ndilungele!)

Ndisonokungaze ndimatshe emkhosini
ohamba ngeenyawo,
Ndiphalise emahasheni, ndidubule iinkanunu;
Ndisenokungaze ndibhabhe phezu kotshaba,
Kodwa ndisemkhosini weNkosi.

³²⁰ Amen! Yima nje ngxixi. Bangaphi abakuthandayo oko? Yithini, “Amen.”

³²¹ Ngoku, Bawo waseZulwini, sikelela aba bantwana bancinane namhlanje. NgaBakho, Nkosi. Babunikele kuWe ubomi babo. Bayaliva ibali elincinane likaMoses nendlela Owamkhusela ngayo. Bava ngomama olungileyo kunye notata olungileyo owabaxhasayo waza wabakhulisa. Kwaye banabo naba bantwana bancinci oomama nootata abalungileyo. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba Uyakubajonga kwaye ubaqhubele ezantsi kumsinga wexesha, kwaye zanga iiNgelosi zikaThixo zingabakhusela. Nika . . . Uze ube sesiphelweni sokwamkela, ukubamkela ngemihla yokugqibela, Nkosi, eBukumkanini Bakho. Sicela eGameni likaKristu. Amen.

³²² Ngoku ningabuyela ezihlalweni zenu nixelele utata nomama indlela eniziva kamnandi ngayo. Amen.

³²³ “Yonke imihla yokubhadula kwabo bakhokelwa.” (Uyayazi leya, nayo?)

. . . ekubhaduleni kwabo bakhokelwa,
Bakhokelelwa elizweni ledinga;
Ngesandla sikaYehova ekukhokeleni
okuqinisekileyo,
Baziswa kunxweme lwaseKanan.

Wonke umntu!

Umqondiso womlilo ebusuku,

Nomqondiso welifu emini,
 Undanda ngaphezulu, kanye ngaphambili,
 Njengoko behamba endleleni yethu,
 Uya kuba ngumkhokeli nenkokeli,
 Ide idlule intlango,
 Kuba iNkosi, uThixo wethu, ngexesha Lakhe
 elifanelekileyo
 Iya kusikhokelela ekukhanyeni ekugqibeleni.

³²⁴ Bangaphi abagulayo ngale ntsasa abafuna umthandazo? Masibone isandla sakho. Ekubeni sithe sasemva kwexesha kancinane, mhlawumbi sizakuyimisa inkonzo yethu yempiliso kude kube ngokuhlwanje, size nje senze nje ilizwi lomthandazo ngoku, kuba sisemva kwexesha kancinane.

³²⁵ Ingaba ulonwabele ibali elincinci? [Ibandla lithi, “Amen!”—Mhl.] Ucinga ukuba yayilungile kubantwana abancinci? [“Amen!”] Ehe. Si—sibadlula ngamaxesha amaninzi. Asifanele siyenze loo nto. Yabona, andize ndifumane thuba lokufundisa isikolo seCawe, kwaye ngale ntsasa ibilixesha lokuthetha nabo. Bendingafuni ukunidinisa, kodwa bendifuna ukunixelela eli bali lincinci.

³²⁶ Khumbulani, bantwana abancinci, ayilobali lincinane elo enilifunda naphi na. Leyo yiNyaniso. Leyo yiNyaniso! UThixo wayenza loo nto. Kwaye *Unani* ngoku. Konke kulungile.

³²⁷ Masithobe iintloko zethu ngoku ngelixa sricula ingoma yethu yokundulula, ngokucothayo, “Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo, njengekhaka kulo lonke utshaba.” Konke kulungile.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
 Mntwana wosizi nentsizi. 

56-0513 Imfundiso NgoMoses
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org